



**Funda
Wande**
Reading for Meaning

1-3

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiigunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imibulelo yeefoto

Funda Wande Media Team: zonke iifoto zithatyathwe ezikolweni naseziklasini; yonke eminye imifanekiso ifumaneka ngoncedo lwakwaFrepik.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-78-1

Version 1: 2024



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, Isixhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, Isikhokelo seNdlela yokuFundisa, Ibakala 1-3, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho

Isishwankathelo	iv
Indlela yokufundisa yakwaFunda Wande	1
Isicwangciso senkqubo yakwaFunda Wande	2
Ukufundisa iLitheresi yoLwimi lwaseKhaya	4
Izifundo zokuPhulaphula nokuThetha	4
Izifundo zokuFunda ngokuVakalayo kukatitshala	6
Izifundo zezandi	8
Izifundo zokuFunda noTitshala	14
Izifundo ezimalunga nesigama	18
Izifundo zoLwimi nokwakhiwa kweziVakalisi	19
Izifundo zokuFunda ngeNgqiqo	22
Izifundo zokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala	24
UmSebenzi Owenza Wedwa	28
Izifundo zokuBhala ngeSandla	31
Izifundo zokuBhala	38
IzaKhono zoBomi	42
Izifundo zoLwazi olusisiSeko (LS)	42
Izifundo zokuziPhatha neNtlalo (PN)	44
Izifundo zobuGcisa obuBonwayo	47
Izifundo zobuGcisa obeNziwayo	49
Izifundo zemiThambo	51
Amakhadi emifanekiso	53



Isishwankathelo

Inkqubo kaFunda Wande ine **Ncwadi kaTitshala** (NT) yekota nganye kwiBanga ngalinye lesiGaba esisisiSeko. Le ncwadi ilungiselelwe ukuba isetyenziswe mihla le, ngootitshala abasoloko bexakekile ukuze bancedakale ekucwangciseni, ekulandelelaniseni izifundo nakuhlolo.

INcwadi kaTitshala icacisa umxholo wesifundo ngasinye – yintoni eza kufundiswa kwaye iza kulandelelaniswa njani xa ifundiswa. Uyiniikiwe ke ithayimthebhile yeveki kwakunye nesicwangciso sekota. Kukho **nemisebenzi yohlolo** ekupheleni kweNcwadi kaTitshala nganye. Izifundo kunye nemisebenzi yohlolo isekeke kwaye ihambelana neKharityhulam yeCAPS.

Esi **siKhokelo seNdlela yokuFundisa** (KNF) yincwadi eza kusetyenziswa ngabo bonke ootitshala besiGaba esisisiSeko abasebenzisa izixhobo zeLitheresi zokufunda nokufundisa zakwaFunda Wande, zeBanga loku-1 ukuya kwelesi-3. Sikhokela ze sichaze indlela yokufundisa uhlobo ngalunye lwesifundo senkqubo yakwaFunda Wande. Singasetyenziswa xa kuqala ikota nganye, xa kuqeqeshwa ootitshala naxa kusenziwa izicwangciso zezifundo, kanti nanini na xa ufuna ukujonga ukuba uwalandela kakuhle amanyathelo ezifundo futhi uwusebenzisa ngokwanelisayo umxholo wesifundo ngasinye. Njengokuba iNcwadi kaTitshala icacisa **emakufundiswe** kwikota nganye, sona isiKhokelo seNdlela yokuFundisa sichazela ootitshala **ngendlela yokufundisa** yale nkqubo.

Inkcazelo yohlolo lwesifundo ngasinye esikwiKNF inala macandelo alandelayo:

1. **Injongo** yolu hlobo lwesifundo. Ngamanye amazwi, kutheni sifundisa ezi zifundo.
2. **Inkqubela-phambili** kwisithuba seminyaka emithathu:





➤ IBanga loku-1

➤ IBanga lesi-2

➤ IBanga lesi-3

3. Inqanaba ngalinye **lindlela yokufundisa**: usifundisa njani isifundo.
4. **Ukwahlula**: iindlela zokuhlangabezana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo.
5. **Ukuhlola**:
 - **Ukuhlola okungekho sesikweni**: uyihlola njani inkqubela-phambili yemihla ngemihla yabafundi.
 - **Ukuhlola okusesikweni**: uluqhuba njani uhlobo olusesikweni kwikota nganye.

Ulwazi oluthe vetshe malunga nokufunda kwakunye nokufunda ukufunda lufumaneka kwiincwadana ze **Funda Wande Reading Academy**, ku-www.fundawande.org okanye ngale QR code:



Indlela yokufundisa yakwaFunda Wandé

Ulwimi: IzaKhono ezisisiSeko zokuNxibelelana (KSN) ukuya kubuChule beNgqondo malunga noLwimi (CNML)

Ngexesha beqalisa ukuya esikolweni, abafundi bayaphuhla ngokwezakhono zemihla ngemihla zokunxibelelana ngolwimi lwabo, ngamanye amaxesha oku kubizwa ngokuba zizaKhono ezisisiSeko zokuNxibelelana (KSN). Inkqubo yakwaFunda Wandé (FW) iyaqhubekeka iphuhlisa ezi zakhono, kodwa okubaluleke kakhulu, iphuhlisa ukukwazi kwabafundi ukufunda ngengqiqo nokubhala into enentsingiselo, ngeenjongo zokunika ulwazi nokuzonwabisa. Ukukwazi ukwenza oku kubizwa ngokuba bubuChule beNgqondo obuMalunga noLwimi (CNML). Xa abafundi beneKSN oku kubavulela ithuba lokuphumelela kwiBanga lesi-4 nasekufundeni kwabo emva koko. Ezona zakhono zibalulekileyo zifundwa ngolwimi lwasekhaya ze zikwazi ukugqithiselwa nakwezinye iilwimi.

IzaKhono zoBomi: ulwazi olusisiseko kunye nezakhono

Inkqubo yakwaFW ikholelwa ukuba izaKhono zoBomi (KB) zikwalungiselela abafundi ukuqhubekeka nokufunda ngezi ndlela zilandelayo:

- **ULwazi olusisiseko (LS):** UFW unika ulwazi olusisiseko noluthe gabalala, imiba nesigama esigxila kanobom kwizifundo zeNzululwazi yezeNtlalo kunye nezifundo zeNzululwazi yeNdalo kumabanga aphezulu. Inkqubo le ikwaphuhlisa ukuqonda nomdla wabafundi kwimiba efana nokuphanda, ukuthelekisa, ukwenza inkqubo yokufundisa nokuhlela, kwaye ke yonke le miba ibaluleke kakhulu kwimfundo ephakamileyo.
- **EzobuGcisa:** UFW uncedisa abafundi ekuphuhliseni izakhono zabo zobugcisa, ezokubuka into entle kunye nolwazi futhi nasekufundeni izakhono zenkqubo yeteknoloji ezifana nokuyila nokwenza.
- **EzemiThambo:** UFW ukholelwa ukuba abafundi kufuneka baphuhle kwizakhono zabo zokusebenzisa umzimba neentshukumo ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba baphilile futhi banako ukuhamba.

Ukudityaniswa kweLitheresi nezaKhono zoBomi

Inkqubo kaFW idibanisa iLitheresi yoLwimi lwaseKhaya kunye nezaKhono zoBomi, kwaye kwenziwa ngokwekharithulam yezi zifundo zozibini. Oku kwenziwa ngokusebenzisa imixholo efanayo nezicwangciso zezifundo ezidibanisa konke oku. Oku kudityaniswa:

- kuphucula ze kungene nzulu kwezi zifundo zozibini
- kuqinisekisa ukuba izakhono zoLwimi zifundwa ngendlela enentsingiselo kusetyenziswa izihloko ezithathwe kwizifundo zezaKhono zoBomi
- kungena nzulu kumxholo nakulwazi lwemiba yezaKhono zoBomi ngokuvula amathuba okuthetha, okufunda nawokubhala imisebenzi emalunga nezihloko
- kuhlaziya isigama esingundoqo kwezi zifundo zozibini
- kukhuthaza ukufunyanwa kolwazi, oluza kudala ukuqonda nokufundela intsingiselo

Iimeko zokufunda okugqibeleleyo

Izixhobo zethu zokufunda nokufundisa kwakunye nokuqeqesha zisekelwe ekuqondeni ukuba abafundi bafunda ngcono xa:

- imisebenzi kunye nezixhobo zokufunda nokufundisa zikhaliphisa futhi zinika umdla kwaye zinemidlalo
- ukufundisa nokufunda kunocwangco nenkqubela-phambili
- ukufundisa kusekelwe kwindlela ecwangcisiweyo yemihla ngemihla yokwenza izinto yeveki
- oootitshala belandela izicwangciso zokufunda ezineenjongo
- kukho amathuba okuziqhelanisa nokufunda nokubhala yonke imihla
- kunikwa inkxaso kunye nengxelo yonke imihla
- ukuhlola okusesikweni kusenziwa ngendlela eyiyo futhi kuhlolwa umsebenzi owenziweyo



Isicwangciso senkqubo yakwaFunda Wandu

ILITHERESI		
Izifundo	Ulwazi kunye nezakhono	Unxulumano nezaKhono zoBomi
Izakhono zokuthetha ngomlomo		
INdibano yakuSasa	Indlela ecwangcisiweyo yemihla ngemihla yokwenza izinto yexesha lakusasa, ukubalisa iindaba	UkuziPhatha neNtlalo (PN)
UkuPhulaphula nokuThetha	Izakhono zokuthetha nokwenza intetho Ukuphulaphula ngokusebenzisa izakhono zokuqonda	ULwazi olusisiSeko UbuGcisa obeNziwayo
Utitshala uFunda ngokuVakalayo	Ukuphulaphulela intsingiselo Ukuphuhlisa isigama esityebileyo sokuthetha ngomlomo Ukubonisa ukufunda kakuhle	litekisi eziFundwa ngokuVakalayo zihambelana nezihloko zoLwazi olusisiSeko (LS)
Izakhono zokufunda nokubhala		
Izandi	Ulwazi lwezandi (izandi ezisemagameni) Ukunakanwa kwezandi okufundiswa ngendlela ecacileyo nenocwangco Ukudibanisa nokwahlula izandi namalungu amagama Izakhono zokunxulumanisa izandi noonobumba Izakhono zokupela	
UkuFunda noTitshala (FT): ukuFunda Kunye	Izakhono zokufundela ukufumana intsingiselo Ukunxulumanisa izandi noonobumba	litekisi zihambelana nezihloko zoLwazi olusisiSeko
Isigama	Isigama sokufunda esityebileyo* Ukunakana amagama Upelo*	Inesigama esithathwa kwizaKhono zoBomi
Ulwimi	Ukwakhiwa kolwmi okuchanekileyo okuphucula izakhono zokubhala Ukwakhiwa okuchanekileyo kolwimi okuza kuphucula izakhono zokubhala*	
Ukufunda ngengqiqo	Ukuphendula imibuzo ebhaliweyo ehlola ukuqonda*	Ikhuthaza ukomelela kwezakhono zokucwaninga nokubuza
UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala	Ututshala ukhokela inkqubela-phambili yezakhono zezandi nokufunda Ukuziqhelanisa nokufunda kunye nokubhala	
UmSebenzi Owenza Wedwa (IBanga loku-1 neBanga lesi-2) Ukufunda ngababini (IBanga lesi-2) Ukuzifundela wedwa (IBanga lesi-3)	Ukuziqhelanisa nokufunda kunye nokubhala	Imisebenzi yokomeleza iLitheresi nezaKhono zoBomi
Ukubhala ngesandla	Ukuprinta Ukubhala ngokudibanisa (IBanga lesi-3)	
Ukubhala* Ukuzibhalela uwedwa	Ukubhala izivakalisi kunye nemihlathi Ukubhala iindidi ezahlukileyo zemisebenzi ebhalwayo Ukubhala okuvelisa ubugcisa Ulwimi oluchanekileyo nopelo Izakhono zokuhlala (inkqubo yokubhala)	Kuhambelana nesihloko soLwazi olusisiSeko

* Iboniswe kwimisebenzi yokuBhala

IZAKHONO ZOBOMI		
Izifundo	Ulwazi kunye nezakhono	Unxulumano neLitheresi
ULwazi olusisiSeko (LS)		
Fundela ukuFunda	Ulwazi olusisiseko ukuze ludale isiseko sokufunda iNzululwazi yezeNtlalo (EzeMbali neJografi), iNzululwazi yezeNdalo neTeknoloji	Ukufundela ukufumana ulwazi
	Ukwaziswa iitekisi ezahlukeyo eziyinyani, umzekelo, iinkcazelo, i-ekhsperimenti	Izakhono zokufunda ngengqiqo
	Izakhono zokuqwalasela, ukuthelekisa nokuhlela ezikhokelwa yimibuzo	Ukuphuhlisa isigama
YFF	Izakhono zokucwaninga ezeNzululwazi, umzekelo, ukubuza imibuzo nophando	Ukufundela ukufumana ulwazi Izakhono zokubhala
Iphepha lokufumanisa okuthile (IBanga lesi-2)	Izakhono zokucwaninga ezeNzululwazi, ukubuza imibuzo nophando	
Imisebenzi yoLwazi olusisiSeko (LS)	Izakhono zokucwaninga, umzekelo, uku-ekhsperimenta, ukuphanda nokuvavanya	Izakhono zokuthetha, zokuphulaphula, zokufunda, zokufunda ngengqiqo nezokubhala
	Izakhono zokuhlela nokuthelekisa	
	Ukuhlaziywa kolwazi olutsha	
UkuziPhatha neNtlalo (PN)		
(Idityaniswe noLS kunye nezifundo ze-orali)	Ukukhula ngokwentlalo nangokweemvakalelo	Nxulumanisa nomxholo
	Ukuzikhusela buqu	Ukuthetha nokuphulaphula
	Ukuzazi, ukuba sempilweni	
EzobuGcisa		
Igalari yezobuGcisa (IBanga lesi-3)	Ukuxabisa ezobuGcisa	Nxulumanisa nomxholo
UbuGcisa obuBonwayo	Izakhono zokuqonda nezezihlunu ezincinci	
	Ukuqonda umgca, imilo, umbala, kunye nokuguda okanye uburhabaxa	
	Ukuyila, ukwakha kunye nenkqubo yeteknoloji	
Ukwenza ubuGcisa	Ukudanisa, ukucula, ukulinganisa, namacebo okwenza umsebenzi	Nxulumanisa nomxholo
	Izakhono zokuzithemba nezokwenza intetho	Ukuthetha nokuphulaphula
EzemiThambo		
Amaqela ezemiThambo	Izakhono zezihlunu ezincinci nezikhulu	Ukuphulaphula
	Izakhono zomzimba zokusebenzisana kwamalungu omzimba isingqi, amacala, ukulungelelanisa umzimba nezemidlalo	

Ukufundisa iLitheresi yoLwimi lwaseKhaya

IZIFUNDO ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA



Injongo

Ulwimi oluthethwa kakuhle lusisiqalo selitheresi. Izakhono zokuthetha ngomlomo zibaluleke kakhulu ekuphuhliseni ukukhula kwabafundi ngokwentlalo kunye nendlela abavakalelwa ngayo. Ngexesha lesifundo sokuPhulaphula nokuThetha, abafundi baza:

- kuphuhlisa izakhono zokuphulaphula nokuthetha
- kuphuhlisa isigama nolwazi esele benalo

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** NgoLwesibini, ngoLwesithathu nangoLwesine, kuqalwa ngeNtlanganisano yaKusasa yerejista, kujongwa ikhalenda, kujongwa imozulu ze kubhiyozelwe imihla yokuzalwa kwabafundi. NgoMvulo nangoLwesihlanu, abafundi babalisa iindaba zabo.

Kwizifundo ezongezelelweyo zokuPhulaphula nokuThetha, eziqhutywa kathathu ngeveki, abafundi baphulaphula uTitshala eFunda ibali ngokuVakalayo, baze emva koko benze eminye imisebenzi efana nokuphulaphula, ukucengceleza, imibongo nezicengcelezo, ukuphinda babalise amabali nokuncokola ngamava abo.

► **IBanga lesi-2** Izifundo zokuPhulaphula nokuThetha zisetyenziswa xa utitshala efunda ibali ngokuvakalayo ngoMvulo, ze ibe yimibongo neengoma ngoLwesine. Ezinye izifundo zomlomo ziye zidityaniswe nezaKhono zoBomi ngeenjongo zokuncedisa abafundi ukuba bathethe ngeemvakalelo zabo futhi bakhuthazwe ekubeni bakwazi ukuziqonda nokuzazi (PN). NgoLwesibini kubakho isifundo esithi *Ukuziqonda kwam*, ze ngoLwesithathu kubekho isifundo esithi *Ndiyacinga, ndiyavakalelwa....* NgoLwesihlanu, abafundi baphonononga izinto abazifumeneyo xa bebesenza umsebenzi wokukhangela bafumane.

► **IBanga lesi-3** Iindaba, ezabafundi neendaba njee jikelele, zibaliswa ngoMvulo. NgoLwesihlanu, kuphononongwa ukufunda okuqhubeka evekini ze kuchazwe iinjongo zokufunda zeveki elandelayo. Izifundo zangoLwesibini, Lwesithathu nezangoLwesine zigxile kanobom kwizakhono zokuPhulaphula nokuThetha, ezifana nodliwano-ndlebe, ukucengceleza imibongo, ukunika izimvo, iindaba ezisuka kumaqonga ahlukileyo, ukulinganisa, ukufunda ngendlela edlalayo, njl. Abafundi kulindeleke ukuba bathathe inxaxheba ekudlaleni ze benze intetho ngabanye okanye bengamaqela. Baze bathathe inxaxheba kwimidlalo.

Iindlela zokufundisa

Ezinye zezifundo zomlomo zithetha ngendlela ecwangcisiweyo **yemihla ngemihla yokwenza izinto** kwaye ezinye ziphuhlisa **izakhono ezithile zokuthetha ngomlomo** ezihambelana nekharityulam.

Indibano yakusasa (imizuzu eli-15)

Ngokuba kutheni? Chaza imisebenzi yemini uze ukhulise isigama.

- **Irejista:** sebenzisa irejista yesikolo sakho. Khwaza amagama abafundi ube sele ubethelela ulwazi lwezandi nolwamanani.
- **Ikhalelenda:** sebenzisa ikhalenda. Xoxani ngonyaka, ngenyanga, ngosuku kwakunye nomhla wenyanga.
- **Imozulu:** chaza uze urekhodishe imozulu kwitshathi yemozulu eseklasini.
- **Iindaba:** sebenzisa *indlela yokufundisa ethi cinga-ngababini-nabelane* kunye nefreyim yeeNdaba Zam efumaneka kwiqweqwe elingasemva leNcwadi Yomfundi Yomsebeni (NYY) ye **Banga loku-1** neye **Banga lesi-2**.

- **Namhlanje:** Chaza ukuba ikhona na into ekhethekileyo eyenzeka namhlanje khonukuze abafundi bazilungiselele, umzekelo, indibano ekhethekileyo. Chaza imisebenzi eyonwabisayo, umzekelo, "Siza kuzoba imifanekiso emihle namhlanje."
- **Qaphela:** Asiyiyo yonke imisebenzi ecwangcisiweyo yemihla ngemihla eza kwenziwa yonke imihla.

Izifundo zokuPhulaphula nokuThetha (imizuzu eli-15)

Ezi zifundo ziquka izifundo apho uTitshala aFunda ngokuVakalayo (jonga kwiphepha elilandelayo) kunye nezifundo eziphuhlisa uLwimi lomlomo okanye izakhono zeNtlalo nokuziPhatha ezihambelana nekharityhulam. Indlela yokufundisa ethi Cinga-Sebenzani ngababini isetyenziswa rhoqo.

Indlela yokufundisa ethi Cinga-Sebenzani ngababini (imizuzu eli-15)

Ngokuba kutheni? Indlela yokufundisa inika bonke abafundi amathuba okuba baphulaphule futhi bathethe yonke imihla.

- **Inyathelo loku-1:** Abafundi bahlala emethini (ukuba kukho indlela). Bafundise indlela yokuguquka bajonge kwiqabane, ukubamba amadolo kodwa izandla zabo zikubo.
- **Inyathelo lesi-2:** Utitshala ubanika umsebenzi abaza kuwenza.
- **Inyathelo lesi-3:** Cinga **uthe cwaka** (umzuzu om-1).
- **Inyathelo lesi-4: Ngababini:** Xelela iqabane lakho iingcinga zakho. Phulaphula ngentlonipho iingcinga zabo (imizuzu emi-5).
- **Inyathelo lesi-5: Yabelana:** Abafundi abathile bayacelwa ukuba babelane ngeengcinga zabo kunye neklasi (imizuzu emi-5).
- **Inyathelo lesi-6: Phendula:** Utitshala ubonisa abafundi indlela eyiyo yokuphendula kunye nendlela yokubuza ngembeko xa ufuna ukucacelwa. Abafundi bayazifunda ze baziqhelanise nezi zakhono.

Ukwahlula

- Xa abafundi besebenza ngababini, zama ukudibanisa umfundi obuthathaka nomfundi onolwazi.
- Yiba nomonde kubafundi abangaqhelananga nolwimi olusetyenziswayo. Ungabavumeli abanye abafundi ukuba babanxwale.
- Kuwo nawuphina umsebenzi wamaqela, cacisa ukuba **bonke** abafundi kumele bathethe inxaxheba.

Ukuhlola izakhono zokuthetha

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Qwalasela xa abafundi besebenza ngababini uze ujonge ukuba nguwuphi ongathethiyo okanye othetha kakhulu. Bhala phantsi amangaku uze ukhethe izibini ngokweendlela abaqhuba ngayo abafundi okanye ubakhumbuze ukuba bathetha futhi baphulaphule.
- Cela abafundi abohlukileyo ukuba baphendule imibuzo. Kwezinye izifundo becele 'bangaziphakamisi izandla'.
- Musa ukubalungisa ngendlela engqwabalala, zama ukusebenzisa ulwimi olulungileyo, umzekelo, xa umfundi esithi, "Ndiya eThekwini ndineminyaka emibini" wena yithi, "Owu, **waya** eThekwini uneminyaka emibini!"

Ukuhlola okusesikweni

Ukwenza intetho (umfundi ngamnye, ngababini, amaqela). Oku kuquka ukuphendulwa kwemibuzo (**IBanga loku-1**), incoko, ukubonisa ze ubalise, ukucengceleza, incoko yababini, ukulinganisa okanye ukufunda sabudlala. Intetho ingenziwa ngexesha leLitheresi okanye lezaKhono zoBomi.

Ngokuba kutheni? Ukwenza intetho kunika ithuba lokusebenzisa izakhono zokuthetha, ukuphimisela amagama kunye nezakhono zolwimi.

- Umzekelo womsebenzi onxulumene nesihloko, kunye nesikhokelo sokukorekisha, unikiwe kwiNcwadi kaTitshala kwikota nganye.
- Babonise ikhrayitheriya yokukorekisha abafundi **phambi** kokunika intetho khonukuze bazi izinto oza kubahlola kuzo.
- Iintetho ezenziwa ngabafundi bengababini okanye ngamaqela ziluncedo kakhulu kubafundi abaneentloni futhi oku kubangela ukuba kongiwe ixesha lokuhlola.

IZIFUNDO ZOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO KUKATITSHALA



Injongo

Ulwazi lwendlela eyiyo itekisi ethethwa ngomlomo luza kubanceda abafundi baziqonde iitekisi ezibhaliweyo. Xa beziva bonwabile abafundi, loo nto iza kubakhuthaza ukuba bafunde. Amabali afundwa ngokuvakalayo anokusetyenziswa ukwazisa abafundi ngebali eliza kuFundwa noTitshala, isihloko sezaKhono zoBomi okanye uhlobo olutsha lwetekisi eza kufundwa. Ngezifundo zokuFundwa ngokuVakalayo, abafundi baza:

- kuphuhlisa kubo izakhono zokuphulaphula nokumilisela ingqondo
- kwandisa Isigama sabo somlomo
- kuva ulwimi oluchanekileyo nendlela yokubiza amagama

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** Amabali afundwa ngokuvakalayo asetyenziselwa ukwazisa iitekisi eziFundwa noTitshala. Sebenzisa imifanekiso ekwiNcwadi eNkulu ukuze abafundi bahlale benomdla. Ibali linokwenziwa libe lifutshane xa kukho imfuneko. Chaza kuphela isigama esifunekayo ukuze bakwazi ukuqonda ibali (isigama esingundoqo). Bacele abafundi ukuba baphendule, okanye buza imibuzo emibini ukuya kwemithathu emva kokufunda ukuze ubone ukuba baqonde kangakanani na.

► **IBanga lesi-2** Amabali afundwa ngokuvakalayo adla ngokutshayeleya ibali eliFundwa noTitshala leveki. Ungalenza libe lifutshane ibali xa ubona kuyimfuneko. Isigama ocetyiswa ngaso siba sebalini. Imibuzo yona ikwiNcwadi kaTitshala. Bakugqiba ukufunda abafundi, baphendula imibuzo oyikhethileyo emalunga nebali baze baxoxe ngesigama. Le mibuzo ke kufuneka ixube naleyo ifuna ukuba abafundi bacacise.

► **IBanga lesi-3** Iitekisi ezifundwa ngokuvakalayo zihambelana nezihloko zezaKhono zoBomi. Ezi tekisi ziquka amabali angeyonyani kunye neetekisi eziyinyani ezicacisa ngesihloko. Abafundi baziswa iindidi ezahlukileyo zeetekisi ezifana neentsomi, imibongo, iziqhulo namaqashiso. Emva kokufunda, abafundibaphendula imibuzo oyikhethileyo emalunga nebali, baxoxa ngesigama baze bagxile kwimibuzo yenqanaba eliphezulu.

Iindlela zokufundisa

Ukufunda ngokuvakalayo (imizuzu eli-15)

Ngokuba kutheni? Ukufunda ngokuvakalayo kwenzelwa ukuba abafundi bonwabe, kwaye oku kuza kukhulisa isigama sabo, ulwimi kunye nezakhono zokuphulaphula.

Inyathelo loku-1: Ukulungiselela

- Qala uzifundele ibali kunye nemibuzo.
- Lenze libe lifutshane okanye lula ibali xa ubona kuyimfuneko oko (sebenzisa ipensile).
- KwiNcwadi kaTitshala (NT), khetha imibuzo oza kuyibuza, uze urhangqele isigama oza kuxoxa ngaso. Akunyanzelekanga ukuba uzisebenzise zonke iingcebiso zokufundisa ozinikwayo apha.

Inyathelo lesi-2: Phambi kokufunda (Umezuzu om-1-2)

- Buza umbuzo omnye okanye emibini (ekwiNT) khonukuze uyinxulumanise nolwazi abanalo abafundi, umzekelo, “Ingaba wawukhe ...? Khawundibalisele.”
- Nika injongo okanye isizathu sokuphulaphula, umzekelo, “Njengokuba uphulaphule, khangela ukuba ...”

Inyathelo lesi-3: Ukufunda ibali (imizuzu eli-10)

- Bonisa indlela ekuvakala ngayo ukufunda kakuhle, ngokutyibilika.
- Sebenzisa izijekulo utshintshatshintshe nobuso khonukuze abafundi bayithathele ingqalelo into eniyenzayo.
- Zama ukuba kungaphazamiseki ukufunda kwakho okanye indlela eliqhuba ngayo ibali.

Inyathelo lesi-4: Emva kokufunda (imizuzu emi-2–3)

- Banike umzuzu om-1 ukuya kwemi-2 yokuphendula ngokukhululekileyo.
- Khetha imibuzo emibini okanye emithathu oza kuyibuza ukujonga ukuba bayaqonda na kwaye bayimilisele na ingqondo ebalini. Akunyanzelekanga ukuba uyibuze yonke imibuzo ekwiNT.
- Xoxani ngegama elinye ukuya kwamathathu owakhethileyo akwisigama namatsha kubafundi.

Ukwahluka

- Qiniseka ukuba abafundi abakufumana kunzima ukumilisela ingqondo, okanye abo abangeva kakuhle, ubahlalise kufuphi nawe.
- Bhala emgangathweni ngetshokhwe indawo ekufuneka umfundi ahlale kuyo. Abanye ootitshala baye babanike into efana neplastikhi abanokuyiphathaphatha abafundi abangakwaziyo ukuzinza ncam xa behleli.
- Qinisekisa ukuba ucela abafundi abahlukileyo ukuba baphendule imibuzo emva kokufunda.

Ukuhlolwa kwezakhono zokuphulaphula

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Qwalasela iimpendulo zabafundi njengokuba uqhubeka ufunda. Ukuba abafundi abaninzi abakwazi ukumilisela ingqondo ekufundeni isithuba semizuzu eli-15, nqumama uze uqhubekeke nebali elifundwa ngokuvakalayo ngelinye ixesha. Landise ixesha olinika abafundi ukuba bamilisele iingqondo zabo njengokuba unyaka uqhuba.
- Imibuzo yokulandelela ivula amathuba okuya kwimibuzo ekumgangatho ophezulu, umzekelo, “Wenza ntoni uSipho?” emva koko uphinde ubuze, “Kwakutheni ukuze enze loo nto?”

Ukuhlola okusesikweni

Umsebenzi wokuphulaphula ngengqiqo

Ngokuba kutheni? Umsebenzi wokuphulaphula ngengqiqo uhlola izakhono zokuphulaphula zeklasu iyonke ngexesha elinye.

- Umzekelo womsebenzi wokuPhulaphula ngeNgqiqo kwakunye nesikhokelo sokuwukorekisha unikiwe kwiNT kwikota nganye.
- Imibuzo ebuziweyo ikumanqanaba ahlukileyo, akubuzwanga mibuzo efuna umfundi akhangele iimpendulo ebalini kuphela (ngubani, yintoni, nini, phi) ikhona naleyo ifuna acacise, athelekise okanye imibuzo ethi, ngoba. Ubunzima bemibuzo buyanda kwibanga ngalinye.



IZIFUNDO ZEZANDI



Injongo

Izakhono ezizenzekelayo zokunxulumanisa izandi noonobumba nezokuguqula oonobumba babeziikhowudi zancedisa abafundi ukuba bakwazi ukufundela intsingiselo. Ngexesha lezifundo ngeZandi abafundi baza:



- kuphuhlisa ukuva nokusebenza ngezandi zamagama
- kuphuhlisa ulwazi lokuzalana koonobumba kunye nezandi
- kuzifundisa ukudibanisa nokwahlula izandi kumalungu nakumagama
- kusebenzisa olu lwazi ukuze bafunde ze babhale amagama
- kufunda, babhale futhi bapele isethi yamagama anezandi qho ngeveki
- kuphuhlisa ukufunda ngokuvakalayo nangokutyibilika ngokuthi banakane amagama asetyenziswa rhoqo kunye nenxalenye yegama ngalinye

Inkqubela-phambili

Amanqanaba olwazi lwezandi

Inqanaba loku-1	Ukuva amalungu kunye nesandi ngasinye emagameni	• Ukuqhwabela ilungu ngalinye, ukubala amalungu egama • Ukuva isandi esisekuqaleni, ekupheleni neso siphakathi kumagama
Inqanaba lesi-2	Ukufunda oonobumba-nezandi ezizimeleyo (i-alfabhethi)	• Ukufunda unobumba nesandi sakhe ngokulandelelana kuqalwa ngezikhamiso
Inqanaba lesi-3	Ukunakana amagama alula IiLwimi zesiNtu • Ukwahlula nokudibanisa amalungu amagama: QK-QK • Ukwahlula nokudibanisa izandi ezizimeleyo zamagama: -Q-K-Q-K	• Ukuchonga izandi zegama (kwezinye iilwimi, oku kuthetha ukuchonga amalungu ze emva koko kuchongwe isandi ngasinye). • Ukudibanisa kunye izandi ngokulandelelana ngendlela echanekileyo ukuze ukwazi ukufunda/ ukubiza ilungu okanye igama
Inqanaba lesi-4	Ukudibana koonobumba nezandi ezinzima kunye namagama amade • Izandi zoonobumba abadityanisiweyo ababini, abathathu okanye abane • Oonombini (oonobumba ababini ebona isandi esinye), oonontathu, oonone, njl • Izandi ezingavakaliyo xa ziphinyiselwa • Amagama anamalungu amaninzi • Ezinye izinto zolwimi kunye nokwakhiwa kolwimi	• Ukunxulumanisa izandi noonobumba bamagama • Ukudibanisa izandi ngendlela echanekileyo yokulandelelana ngeenjongo zokufunda igama. • Ukunika amagama iikhowudi Ukubhala izandi zoonobumba ngokulandelelana okuchanekileyo • Ukusebenza ngamagama • Ukusebenza ngezimaphambili nangezimamva (imofoloji)

Izandi ezenziwe kwikota nganye kwibanga ngalinye zidweliswe kwiphepha le-12 ukuya kwele-13.



lindlela zokufundisa

Inqanaba loku-1: Ukuva izandi zamagama

Ngokuba kutheni? Ukufunda izandi kuqala **ngokuva amalungu** kunye **nezandi** kwigama ngalinye (Ulwazi nokuqonda izandi).

Inyathelo loku-1: Ukuva izandi zamagama

- Qhwabela amalungu akwigama elinye.
- Bala amalungu egama elinye.

Inyathelo lesi-2: Ukuva izandi zamagama

- Biza isandi sokuqala segama, umzekelo, “Ingaba igama lakho liqala ngasiphi isandi?”
- Biza isandi sokugqibela, umzekelo, “Ingaba sisphi isandi esisekupheleni kwigama likaZaza?”
- Sebenzani ngezandi zamagama ngokuthi xa nithetha nisuse isandi esithile nifake esinye, umzekelo, “Xa ususa isandi u‘v’ kwigama u‘vula’ endaweni yaso ufake isandi u‘c’ ingaba ithini intsingiselo entsha?”

Inqanaba lesi-2: Ukunakana izandi zoonobumba

1. Fundisa izandi zoonobumba ngendlela elandelekayo nenocwangco usebenzisa iNcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NYY)

Ngokuba kutheni? Abafundi kufuneka banxulumanise isandi kunobumba ngamnye wealfabhethi khonukuze bafunde.

Inyathelo loku-1: Mamela isandi (osiva xa kuthethwa)

- Tyhila iphepha kwiNcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NYY). Chonga umfanekiso wegama elingundoqo.
- Chonga isandi eligxile kuso eli gama.
- Abafundi babiza igama baze baqaphele indlela eshukuma ngayo imilomo yabo.
- Chongani amanye amagama agxile kwesi sandi, nisebenzisa imifanekiso ekwiNYY.

Inyathelo lesi-2: Nxulumanisa isandi kunye noonobumba ababhaliweyo

- Bonisa abafundi indlela yokwakha oonobumba ebhodini.
- Abafundi benza imilo kanobumba emoyeni baze baziqhelanise nokumbhala bengasebenzisi pensile.
- Bayamtrayisa unobumba kwiNYY.

Inyathelo lesi-3: Hlaziya

- Funda isivakalisi okanye amagama akwiNYY.
- Culani uze ufundise abafundi ingoma emalunga nesandi ukuba ikhona.
- Bhala amagama ama-3 ukuya kwama-5 ebhodini. Abafundi bachonga baze bakrwelele oonobumba ekugxilwe kubo.
- **Umsebenzi obhalwayo:** Abafundi mabenze imisebenzi ekwiNYY. Jikeleza ubancedise.

2. Ukunakana ngokukhawuleza isandi sikanobumba: (Umzuzu om-1-2 qho ngemini)

Ngokuba kutheni? Ukuphuhlisa ukunakana izandi zoonobumba **okuzenzekelayo**.

- Sebenzisa izandi zoonobumba esele zifundisiwe.
- **Jonga ze ubize:** Ngokukhawuleza, khomba kwitshathi ye-alfabhethi okanye koonobumba ababhalwe ebhodini okanye ekhadini. Abafundi babiza isandi.
- **Phulaphula uze ubalise:** Biza isandi. Abafundi baphakamisa unotsheluzi ononobumba ofana nesandi ezibiziweyo.
- **Biza isandi:** Abafundi baphakamisa unotsheluzi ononobumba ohambelana nesandi esibiziweyo.
- **Phulaphula uze ubhale:** Biza isandi. Abafundi bayasibhala kwisileyiti/ebhodini/kwisiqwengana sephepha.

lingoma ezimfutshane
zoonobumba
abafundisiweyo zinikiwe.
Mamela ingoma kuqala,
uze uyifundise abafundi.

Yithi Molo
ku-060 017
0000 ngengoma
emalunga nesandi.



Inqanaba lesi-3: Ukufunda amagama apheleleyo

1. Ukudibanisa amalungu egama okanye izandi zegama

Ngokuba kutheni? Ukusebenzisa ulwazi lwezandi zoonobumba ukuze ufunde amagama.

- **Inyathelo loku-1:** Bhala unobumba ebhodini. Abafundi mababize isandi.
- **Inyathelo lesi-2:** Abafundi badibanisa izandi ezibini kunye ukuze benze ilungu legama okanye igama. Ngeli xesha linye, khomba ngomnwe wakho oonobumba.
- **Inyathelo lesi-3:** Biza ngokukhawuleza, udibanise izandi. Emva koko biza ngesantya esiqhelekileyo.
- **Qaphela:** Oku ungakwenza ngamalungu okanye ngamagama anoonombini kuqala ze emva koko ulandelize ngamagama amade.

2. Ukwahlula amalungu egama okanye izandi zegama

Ngokuba kutheni? Ukuqhekeza amagama. Sebenzisa ulwazi lwezandi noonobumba ze ubhale amagama.

- **Inyathelo loku-1: I-oral:** Biza igama elikwiNYY ngokucotha.
- **Inyathelo lesi-2:** Abafundi baphulaphula ze bachonge amalungu amagama, umzekelo, ba-la. Chonga isandi ngasinye kwigama, umzekelo, b-a-l-a.
- **Inyathelo lesi-3:** Ukuguqulela izandi koonobumba. Buza abafundi: “Ingaba sisiphi isandi sokuqala? Ngoko ke nguwuphi unobumba wokuqala?” Bhala oonobumba ebhodini wakhe igama.

3. Ukwakha amagama: (IBanga loku-1 neBanga lesi-2)

Ngokuba kutheni? Bonisa indlela yokusebenzisa ulwazi lwezandi noonobumba ukwakha amagama usebenzisa oonotsheluzi abanoonobumba.

- **Inyathelo loku-1:** Abafundi basika oonotsheluzi beveki (abangasemva kwiNYY).
- **Inyathelo lesi-2:** Biza umfundi abe mnye eze ebhodini noonotsheluzi bakhe. Biza igama elingundoqo ngokuvakalayo. Mbuze: “Ingaba sisiphi isandi sokuqala? Ngoko ke nguwuphi unobumba wokuqala?” Mcele umfundi ukuba akhangele unotsheluzi onoonobumba aze amncamathisele ebhodini akhe igama.
- **Inyathelo lesi-3:** Ukwakhiwa kwegama ngumfundi ngamnye: Chonga amagama ahambelana nemifanekiso ekwiNYY. Abafundi basebenzisa oonotsheluzi babo ukuzakhela igama ngalinye. Jikeleza uncedise abafundi.
- Abafundi bakhuphela amagama abo ezincwadini zabo.

4. Ukunakana ngokukhawuleza amagama: Yonke imihla, kumaBanga onke (imizuzu emi-2)

Ngokuba kutheni? Ukuphuhlisa ukunakana amagama okuzenzekelayo.

- Ngokukhawuleza okukhulu, khomba ebhodini amagama ebefundwa evekini okanye babonise oonotsheluzi abanamagama.
- Babonise amagama elandelelana ngendlela eyahlukileyo.
- Abafundi babiza amagama. Zama ukuba ukunakana kwenzeke ngendlela echanekileyo nangesantya esiphezulu.
- **Ukuphulaphula nokubhala:** Biza igama. Abafundi babhala igama elibiziweyo kwisileyiti/ ebhodini/ kwisiqwengana sephepha.
- **Bala oonotsheluzi:** Phakamisa unotsheluzi onegama. Umntu olibize kuqala igama nguye oza kufumana unotsheluzi.
- **Hlaziya** amagama eniwenze kwiiveki eziphelileyo rhoqo.

5. Ukubizela: Kuwo onke amabanga, ngoLwesihlanu qho ngeeveki ezimbini (imizuzu ili-15)

Ngokuba kutheni? Ukuzama ukujonga inkqubela-phambili yabafundi kwizandi.

- **Inyathelo loku-1:** Biza igama ngalinye okanye isivakalisi cacileyo ngokucotha. Phinda kube kanye.
- **Inyathelo lesi-2:** Nika umfundi ngamnye ithuba lokubhala ngesandla sakhe cocekileyo nangenyameko.
- **Inyathelo lesi-3:** Qwalasela umsebenzi ukorekische: Bhala amagama okanye izivakalisi ebhodini ukuze abafundi bazikorekische. Ukuba igama lipelwe ngendlela engachanekanga, kufuneka abafundi babhale igama elichanekileyo ngepensile entla kwegama elo.
- **Inyathelo lesi-4:** Jonga iincwadi zabafundi ukuze ubone ukuba ngabaphi abafundi abafuna ukuncedwa.

Ukwahluka

Ukumilisela ulwazi

- Xa unyaka uphakathi kwi **Banga loku-1**, nasekuqaleni konyaka kwi **Banga lesi-2** nakwi **Banga lesi-3**, nika umfundi ngamnye uvavanyo ngeenjongo zokujonga ukuba wazi eziphi izandi zoonobumba. Xa bengazazi izandi zoonobumba, abazukwazi ukufunda.
- Ukwenza okusileleyo kunokwenzeka ngexesha lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala.

Abafundi abasemva kakhulu

- Yenza iqela labafundi abasemva kakhulu kumsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Sebenzisa ixesha lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala kunye nabo nenze imisebenzi yokuncedisa afundi abasemva kwizandi nehambelana kunye nenqanaba abakulo. Oku ke kungathetha ukuba uza kuphinda ubafundise isandi ngasinye sikanobumba, baze baziqhelanise nokwahlula kwakunye nokudibanisa izandi zamagama amafutshane.
- Le misebenzi ke inokwenziwa njengemidlalo kusetyenziswa oonotsheluzi abanoonobumba. Ngexesha lokusebenza kwabafundi ngabanye, eli qela kufuneka lenze imisebenzi yezandi ekwinqanaba labo. Ungazenzela uxwebhu lwakho lokusebenzela okanye ufotokope amaphepha kwiNYY ekumgangatho osezantsi/iNcwadi zokuSebenzela zakwaRainbow. Zikorekisha ke ukuze ubone inkqubela-phambili.
- Qalisa ukufunda itekisi nabafundi kuphela xa bekwazi ukunakana izandi zamagama amaninzi baze banxulumanise isandi segama nonobumba.

Abafundi abacothayo ukufunda okanye abasemva kancinci

- Sebenzisa inxalenye yexesha lakho lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala uhlaziye umsebenzi weveki wezandi. Babonise oonotsheluzi beveki uze uphinde wenze **imisebenzi ekwiNYY, uKwaxhiwa kwamagama okanye umsebenzi oqingqelwe ixesha** (xa kuFundwa noTitshala).

Ukuhlolwa kwezakhono zezandi

Ukuhlola okungekho sesikweni

- **Imisebenzi ebhalwayo ekwiNYY:** Qwalasela ukuze uhlole ukuba ngabaphi abafundi abawenza ngokuchanekileyo umsebenzi. Hlaziya ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala xa ubona kuyimfuneko.
- **Ukunakana ngokukhawuleza isandi/igama:** Qwalasela iindlela abaphendula ngayo abafundi njengokuba ubabonisa oonotsheluzi abanezandi okanye amagama eveki. Chonga abafundi abangaphenduliyo. Bizela ukuze ujonge inkqubela-phambili. Umfundi ngamnye unokwenza izilungiso ngexesha lakhe. Hlaziya ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshalaxa xa ubona kuyimfuneko.
- Sebenzisa imisebenzi **Yokufunda amagama ngexesha eliqingqiweyo (IBanga lesi-2)** okanye **Ukufundwa kwetekisi ngesha eliqingqiweyo (IBanga lesi-3)** ecaciswe kakuhle ekufundeni kunye notitshala, ngenjongo zokuhlola inkqubela-phambili kwizandi. Hlalutya ukuba ngawaphi amagama okanye izandi ezingaziwayo. Hlaziya ezi kumsebenzi wokuFQNT.
- Ukuba kukho isandi sikanobumba esithile okanye igama ekubonakala ukuba abafundi abaninzi abakwazi kulinakana, phinda ufundise ikhosi yonke.
- Xa bebhala jonga iimpazamo ezifanayo kubafundi. Yilungise ke le nto ngokuphinda ulifundise igama ekhosi ngexesha lokufundisa izandi.

Ukuhlola okusesikweni

1. Uvavanyo lokubizela amagama (iKota)

Ngoba kutheni? Ukuqwalasela ulwazi lwezandi.

Umzekelo wovavanyo lokubizela amagama wekota nganye unikiwe kwiNcwadi kaTitshala, kwaye isekeke kwizandi esele zifundisiwe.

2. Ukugqibezela amagama

Ngoba kutheni? Ukujonga ulwazi lwezandi.

Umzekelo womsebenzi wokugqibezela amagama wekota nganye, unikiwe kwiNT kwaye usekeke kwizandi ezenziweyo.

	IBanga loku-1	IBanga lesi-2	IBanga lesi-3 (Izandi eziboniswe ngombala oqaqambileyo zifundisiwe okokuqala nangokucacileyo)
IKota yoku-1			
Iveki yoku-1	Ukuziqhelanisa	Ukuziqhelanisa kunye nokuhlola Ukuhlaziya zonke izandi ezingoononye	Ukuhlaziya: izandi zoonobumba ezingoononye
Iveki yesi-2	A	Uhlaziyo: m, n, l, b, k, s, d, l, c	Uhlaziyo: nx, nxw, hl, hlw
Iveki yesi-3	E	nt, ntw	Uhlaziyo: bh, ng, th, nt
Iveki yesi-4	I	nk, nkx	Uhlaziyo: hlw; xh; nts
Iveki yesi-5	O	kh, khw	Uhlaziyo: ntl, ndl, nkx
Iveki yesi-6	u, b	nx, nxw	Uhlaziyo: gw, ngw, ny
Iveki yesi-7	l, m	gc, gcw	Uhlolo: gx, ngx, nx
Iveki yesi-8	k, p	hl, hlw	Uhlolo: ndl, gw, ngw, xhw, nts
Iveki yesi-9	s, h	mb, ty	Uhlaziyo: ng, gc, ngc
Iveki ye-10	Uhlaziyo	Uhlaziyo	Uhlaziyo
IKota yesi-2			
Iveki yoku-1	Uhlaziyo umsebenzi weKota yoku-1	Uhlaziyo: dl, ny, lw, dw	Uhlaziyo: tyw, nqw
Iveki yesi-2	z n	tw, ngc	Uhlaziyo: ndl, ntl
Iveki yesi-3	d y	gw, kw	Uhlaziyo: ncw, ndw
Iveki yesi-4	f w	nq, ngq	Uhlaziyo: ntw, thw
Iveki yesi-5	v x	nz, nkx	Uhlaziyo: nd, tsh
Iveki yesi-6	g t	gx, ngx	Uhlaziyo: ngc, njw
Iveki yesi-7	q r	qh, nts	Uhlolo: ngx, krw
Iveki yesi-8	c j	oo, ii	Uhlolo: ntl, tyw, njw
Iveki yesi-9	Uhlaziyo	nw, tsh	Uhlaziyo: thw, tyw
Iveki ye-10	Uhlaziyo	Uhlaziyo	Uhlaziyo

	IBanga loku-1	IBanga lesi-2	IBanga lesi-3 (Izandi eziboniswe ngombala oqaqambileyo zifundisiwe okokuqala nangokucacileyo)
IKota yesi-3			
Iveki yoku-1	Uhlaziyo	Uhlaziyo: th, sh, qw, zw, gc, ngq	Uhlaziyo lwezandi zeKota yesi-2
Iveki yesi-2	ph, th	ny, ts	tshw, ntshw
Iveki yesi-3	sh, bh	nw, kr	rhw, dy
Iveki yesi-4	hl, dl	qw, mf	ndy, ndyw
Iveki yesi-5	kh, ch	ndl, ngc	ngw, nts
Iveki yesi-6	qh, ty	ngq, nts	ntyw, ngcw
Iveki yesi-7	nd, nx	tsw, xhw	ndy, tshw, rhw
Iveki yesi-8	nc, ny	krw, ngx	dy, ngw, ngw
Iveki yesi-9	Ukuhlaziya	ngxw, nkq	-ala, -ola
Iveki ye-10	Ukuhlaziya	Ukuhlaziya	Ukuhlaziya nokudibanisa
IKota yesi-4			
Iveki yoku-1	Uhlaziyo	Uhlaziyo: khw, ii, oo, nkq	dlw, mdlw
Iveki yesi-2	kw, sw	ntl, mv	gqw, mgqw
Iveki yesi-3	lw, rw	ndw, qhw	khw, mkhw
Iveki yesi-4	gw, hw	ngcw, ngx	mtsh, mtshw
Iveki yesi-5	nt, nk	nts, ntsh	ndl, ndlw
Iveki yesi-6	mp, bj	ndl, mp	dyw, ndyw
Iveki yesi-7	ll	ngq, mv	ngcw, mngcw
Iveki yesi-8	Ukuhlola	ngw, ngc	nkx, nkxw
Iveki yesi-9	Ukudibanisa	qhw, ntl, ndw, tyh	mgcw, mhlw
Iveki ye-10	Ukudibanisa	Ukudibanisa	Ukudibanisa nokuhlola

IZIFUNDO ZOKUFUNDA NOTITSHALA



Injongo

UkuFunda noTitshala kukunikezela ngetekisi engundoqo ekuza kusekwa kuyo izifundo eziza kulandela zelitheresi, kwakanye namava okufunda axhasa onke amanqanaba okufunda. Ngezifundo zokuFunda noTitshala abafundi baza:

- kufunda iitekisi ezikwinqanaba lebanga abakulo
- kugxila kwintsingiselo hayi ekubizeni amagama, oku kuza kuqinisekisa ingqiqo yetekisi
- kufunda iitekisi ezinonxulumano, hayi amagama azimeleyo
- kukhulisa ngokukhawuleza isigama njengoko bebona amagama amatsha futhi beweva
- kukhulisa ukufunda ngokutyibilika ngokuphindaphinda ukufunda

Inkqubela-phambili

➤ **IBanga loku-1** Iitekisi zokuFunda noTitshala zimfutshane kakhulu, ngamaphepha ama-4 kuphela. Kubakho iitekisi entsha qho ngeveki. Ezi tekisi zinemifanekiso emikhulu kunye nefonti enkulu. Amabalianceda abafundi babone ukuba ukufunda kuyonwabisa. Ugxininiso lusekufundeni amagama nasekuqondeni ibali. Nangona kunjalo, abafundi baza kufumana ithuba lokuqwalasela ngenyameko imifanekiso, banakane amagama asetyenziswa rhoqo baze banxulumanise amagama athile kunye nezandi. Njengokuba uqhuba unyaka, abafundi kufuneka basuke ekufundeni igama negama badlulele ekuchazeni loo nto bebeyifunda (amagama ambalwa ngexesha).

➤ **IBanga lesi-2** Iitekisi zokuFunda noTitshala zindana ngoku (amaphepha ama-6 anokufundwa kwisithuba seeveki ezimbini). La mabali anamagama asetyenziswa rhoqo kwaye isimo sentlalo kuwo sesiqhelekileyo. Abalinganiswa abanye basetyenziswe kumabali ahlukeneyo. Ugxininiso lusekufundeni amagama, lusekuqondeni ibali nasekuphenduleni imibuzo emalunga nebali. Isigama sabafundi siza kwanda futhi nokusebenza kwabo ngolwimi olwikwiitekisi kuza kuphucuka. Abafundi ngoku bangafunda amabinzana, beqaphela neempawu zokubhala. Ukungaxhomekeki kakhulu kwimifanekiso kuyakhuthazwa. Ukufundwa koluhlu lwamagama ngexesha eliqingqiweyo kuyaqaliswa khonukuze kuphuhle ukufunda ngokutyibilika.

➤ **IBanga lesi-3** Iitekisi zokuFunda noTitshala zinde kakhulu (zingamaphepha ama-6 amade ze abenemifanekiso emincinci) kwaye zifundwa ngeeveki ezimbini. Ziziindidi ezixubileyo, kukho amabali angeyonyani ze zibekho neetekisi eziyinyani. Ugxininiso lusekufundeni ngengqiqo nangokutyibilika. Mininzi imisebenzi yokufunda ngengqiqo kwaye le misebenzi igxile kanobom kuzalano oluphakathi kwemibuzo kunye neempendulo. Isigama nokusebenza ngolwimi kuyandiswa ngokusebenzisa iitekisi futhi kufundwa neetekisi ezifunda ngexesha eliqingqiweyo ngeenjongo zokuphuhlisa ukufunda ngokutyibilika.

Iindlela zokufundisa

Ukufunda kunye notitshala (imizuzu eli-15)

Ngokuba kutheni? UkuFunda noTitshala kusebenza njengemodeli yokufunda okuphindaphindwayo. Eyona nto kugxilwa kuyo ayikokunkqaya loo nto ifundwayo, koko kukufunda ngengqiqo nangokutyibilika.

- Kwale tekisi ibiFundwa noTitshala iza kuphinda isetyenziswe kumxholo sele uwonke. Qho ngemini uphinda ulifunde lonke okanye inxalenye yebali ukunye nabafundi, ngeenjongo zokuphuhlisa ukufunda ngokutyibilika. Imini nganye iza kugxila kumba owahlukileyo wokufunda.
- Kwi**Banga lesi-2** ne**Banga lesi-3** usenokufunda iphepha elinye ukuya kwamabini ngemini.

Inyathelo loku-1: Ukulungiselela isifundo

- Zifundele ibali kunye nesigama.
- **IBanga loku-1:** Cela iklasi ihlale emethini uze ke uqalise ukusebenzisa i**NCwadi eNkulu ekufundeni okoku-1**. Xa kufundwa okwesi-2 nokwesi-3 kuza kusetyenziswa iNYY.
- **IBanga lesi-2** kunye ne**Banga lesi-3:** Sebenzisa iNYY.

Inyathelo lesi-2: Ukuqhelanisa abafundi (umzuzu om-1-2)

Ngoba? Zama ukufumana ulwazi abanalo abafundi khonukuze uphuhlise isakhono sabo sokuqikelela.

- **Ukuqwalasela imifanekiso (IBanga loku-1):** Ngexesha lokuqwalasela imifanekiso, phambi kokufunda okokuqala, utyhila iNcwadi eNkulu ujonge kunye nabafundi imifanekiso ngaphandle kokufunda itekisi. Abafundi bachaza into abacinga ukuba iyenzeka ebalini ngokujonga kumfanekiso ngamnye. Kufuneka ke ningalijongi iphepha lokugqibela. Emva kokufunda, imifanekiso iza kumncedisa umfundi ukuba akwazi ukuphinda alibalise ibali ngamazwi akhe.
- Kwi**Banga lesi-2 neBanga lesi-3**, zama ukuqhelanisa abafundi kunye nebali ngokuthi ufunde ze nixoxe ngesihloko sebali nangomfanekiso wokuqala.
- Abafundi baqikelela ukuba ibali liza kuthetha ngantoni.

Inyathelo lesi-3: Ukufunda koku-1: Gxila kakhulu ekufundeni ngengqiqo (imizuzu eli-15)

Ngoba kutheni? Fundela abafundi itekisi yonke khonukuze bakwazi ukumilisela iingqondo zabo kwintsingiselo.

- Fundela iklasi ibali lonke. Funda ngesantya esiqhelekileyo. Khomba ngomnwe wakho okanye ngerula igama ngalinye njengokuba ufunda xa usebenzisa iNcwadi eNkulu.
- Xoxani ngemifanekiso njengokuba ufunda, nizame ukuyinxulumanisa nebali kunye nesigama esitsha.
- Buza umbuzo kwiphepha ngalinye ukuze ujonge ukuba bakunye nawe futhi bayaliqonda ibali abafundi.
- **Emva kokufunda:** buza umbuzo omnye okanye emibini khonukuze ujonge ukuba bayaliqonda na ibali.
- Kwi**Banga loku-1**, phinda ulifunde kwakhona ibali kanye ungakhange uphumle.

Inyathelo lesi-4: Ukufunda kwesi-2: Gxila ekunxulumaniseni izandi noonobumba nesigama (imizuzu eli-15)

- Qinisekisa ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo leNYY.
- Funda **kunye** nabafundi iphepha enilikhethileyo. Bacele abafundi ukuba bakujoyine bafunde nabo xa bekwazi.
- Abafundi balandela emva kwakho ngokuthi bakhombe ngeminwe yabo amagama kwiNYY njengokuba nifunda kunye nje.
- **Emva kokufunda (imizuzu emi-3-5):**
 - Gxila ekubeni abafundi basebenzise izakhono zabo abazifundileyo, zokunxulumanisa izandi noonobumba okanye ezo kufuneka zihlaziyiwe, umzekelo, chonga amagama agxile kwisandi esithile; chonga igama elisetyenziswe kakhulu; yahlula igama ngokwamalungu alo okanye ngokwezandi, njl. Khomba amagama ambalwa asetyenziswe kakhulu ukuze bawafunde.
 - Sebenza ke ngoku ngesigama esitsha. Kwi**Banga loku-1**, oku kuthetha ukuba kutshatiswa amagama amatsha akoonotsheluzi kunye nalawo akwitekisi. Kwi**Banga lesi-2** nakwi**Banga lesi-3** kuyakuphinda kufundwe isivakalisi apho kukho amagama amatsha ze kuxoxwe ngentsingiselo.

Inyathelo lesi-5: Ukufunda kwesi-3: Gxilani ekufundeni ngokutyibilika nasekuphenduleni imibuzo (imizuzu eli-15)

- Qinisekisa ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo kwiiNYY zabo. Phinda ufunde kwakhona amaphepha ngesantya esiqhelekileyo baze abafundi nabo bajoyine bafunde nawe. Babonise indlela yokufunda ngokutyibilika, usebenzisa isantya esilungileyo, utshintshatshintsha nelizwi, uqaphela neempawu zokubhala. Funda ngelizwi eliphantsi xa ubona ukuba abafundi bayifunda ngokuchanekileyo itekisi.
- **Emva kokufunda:**
 - Yalatha nantoni na eza kuphucula ukufunda kakuhle, umzekelo, ukufunda lonke ibinzana, ukunqumama xa ufika kwisingxi, ukufunda amagama aphakathi kweempawu zocaphulo ngendlela eyahlukileyo.
 - Banike ithuba lokuziphendulela ngokukhululekileyo imibuzo emalunga nebali, umzekelo, “Ingaba eli bali likwenza ukhumbule ntoni okanye umangaliswe yintoni? Yiyiphi eyona nto uyithandileyo? Ubunokwenza ntoni?”
- **Qaphela:** Ukuba lisekhona ixesha, nika abafundi ithuba lokufunda ngababini indawana ethile kwitekisi.

Abafundi baphinda bafunde itekisi kwakhona ukuze bafunde ngokutyibilika

Ngoba kutheni? Ukuphindaphindwa kokufunda itekisi yokuFunda noTitshala kunceda abafundi ekuphuhliseni ukufunda kwabo ngokutyibilika nokufunda ngokuthe cwaka.

Ayafumaneka ke amathuba okuba abafundi baphindaphinde ukufunda itekisi abayiFunda noTitshala eklasini xa likhona ixesha, lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala/ngexesha lomSebenzi Owenza Wedwa okanye ngexesha lezifundo zeLitheresi.

Ukufunda ngababini okanye ngabathathu

- Abafundi bafunda ngababini, benikana amathuba okufunda futhi bexhasana. Babamba ngobunono ingalo yeqabane xa befuna ukuncediswa.
- Kwi**Banga lesi-2**, kukho isicatshulwa esiza kufundwa ngexesha lomSebenzi Owenza Wedwa. Esi sicutshulwa asinamifanekiso kwaye injongo kukukhulisa izakhono zokukwazi ukunxulumanisa izandi kunye noonobumba.

Ukuzifundela kwabafundi ngabanye

- Abafundi bazifundela amaphepha bebodwa.
- Bafunda ngokuzolileyo, ngokusebeza, okanye ngokuthe cwaka khonukuze bangaphazamisani.
- Umfundi ngamnye ufunda ngesantya sakhe.
- Bakhuthaze ke abafundi ukuba bafunde bethe cwaka.

Ukufunda okubekelwa ixesha

Ngoba kutheni? Ukufunda okubekelwa ixesha kukhulisa ubuchule bokufunda ngokukhawuleza nangendlela echanekileyo. Oku ke kukhokelela ekuphuculeni ukufunda ngengqiqo. (Qwalasela izinto ekujoliswe kuzo apha ngezantsi.)

- **Ukubeka ixesha lokufunda amagama (IBanga lesi-2 neBanga lesi-3)** ngooLwesihlanu abatshintshanayo kwiNYY (amagama aqhelekileyo, asetyenziswa rhoqo nalawo agxile kwizandi ezithile)
- **Ukubeka ixesha lokufunda imihlathi (Banga lesi-3)** ngooLwesine abatshintshanayo kwiNYY (umhlathi ongenamifanekiso othathwe kwitekisi ebiFundwe noTitshala).
- Abafundi basebenza ngababini.
- **Inyathelo loku-1:** Utitshala useta iwotshi ukuba kuqaliswe.
- Umfundi wokuqala ufundela iqabane ngokuvakalayo kwiNYY. Uyawatsiba amagama angawaziyo.
- **Inyathelo lesi-2:** Utitshala uyayimisa iwotshi emva komzuzu omnye. Umfundi ufaka isangqa kwigama lokugqibela alifundileyo.
- **Inyathelo lesi-3:** Kuphinde ke oku kufunda nesinye isibini.
- **Inyathelo lesi-4:** Umfundi ngamnye wengeza aze arekhodishe inani lamagama alifundileyo.
- **Inyathelo lesi-5:** Umfundi ngamnye kwisibini ufumana ithuba lokufunda umzuzu ube mnye.

Ukukhangela indlela ofunde ngayo

- Utitshala ufunda uluhlu/itekisi ngokuvakalayo ukuze abafundi bakhangele ukuba bayifunde njani bona.

Phinda kwakhona

- Wuphinde ke lo msebenzi ukuze umfundi ngamnye afumane ithuba lokuphucula ixesha lakhe lokufunda futhi alungise neempazamo.
- **Qaphela:** Ayilokhuphiswano phakathi kwabafundi olu kodwa abafundi bazama ukuphucula ixesha labo lokufunda.
- Emva kwesifundo, abafundi bangaphinda bafunde neqabane kwakhona okanye ekhaya, ngenjongo zokuziqhelanisa nokufunda ngokutyibilika.

Imimiselo yeSebe leMfundo esisiSeko yokufunda isiXhosa ngokuvakalayo nangokutyibilika

	40	Ekupheleni kweBanga loku-1 Bonke abafundi kufuneka bazazi kakuhle IZANDI ZOONOBUMBA babo, bafunde ngokuchanekileyo izandi ezingama-40 ubuncinane ngomzuzu.
	20	Ekupheleni kweBanga lesi-2 Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo AMAGAMA angama-20 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.
	35	Ekupheleni kweBanga lesi-3 Bonke abafundi kufuneka bakwazi ukufunda ngokuchanekileyo AMAGAMA angama-35 ngomzuzu xa befunda isicatshulwa.

Ukwahluka

- Xa kufundwa iNcwadi eNkulu, abafundi abangaboni kakuhle kufuneka bahlale kufutshane kuwe okanye basebenzise iNYY yabo.
- Izakhono zokufunda ngokwamanqanaba ahlukileyo ziza kufundiswa kukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Sebenzisa ixesha lokuFunda noTitshala ufunde kwakhona namaqela asasokolayo.
- Amaqela asasokolayo okuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala anokuphinda ayenze imisebenzi yokufunda eqingqelwe ixesha kunye nawe ukuze akwazi ukuziqhelanisa nawo.
- Xa kufundwa ngababini, dibanisa umfundi osokolayo xa efunda kunye nomfundi okwaziyo ukufunda.
- Bakhuthaze abafundi ukuba baziqhelanise nokufunda ekhaya bexhaswa ngamalungu osapho. Bangaphinda bafunde kwakhona itekisi ebebeyifunde kunye notitshala okanye leyo yemisebenzi yokufunda eqingqelwe ixesha. Bachazele abazali okanye abantu abagcina abantwana, oko kufuneka bekwenzile.

Ukuhlolwa kwezakhono zokufunda

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Ukuqwalasela ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshala kuza kubonisa ukuba ngubani ojoyina ukufunda kuba ekulungele oko kuphinde kuveze ukuba ngubani ophulaphulayo endaweni yokufunda. Qinisekisa ukuba abafundi abangajoyiniyo bakwiqela elixhaswayo lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala.
- Kufuneka uwuqonde umahluko phakathi kokunqaya nokufunda. Ukujonga oku, khetha igama okanye isivakalisi esikomnye umxholo uze uthi umfundi makasifunde. Baxhase ngokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngokuthi abafundi mabafunde amagama azimeleyo phambi kokuba bafunde itekisi.
- KwiBanga lesi-2 neBanga lesi-3 sebenzisa iziphumo zemisebenzi yokufunda okuqingqelwe ixesha ukuze ubone inkqubela-phambili kabini ngenyanga.

Ukuhlola okusesikweni

Ukufunda ngokuvakalayo nangokutyibilika

Ngoba kutheni? Le yenye yezinto ezibonisa ubuchule bokufunda kodwa ke kufuneka yenziwe ngumfundi ngamnye.

Kwiveki enye ngekota, ixesha lesifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala lisetyenziselwa ukuhlola ukufunda ngokuvakalayo.

Ukufunda ngengqiqo

Ngokuba kutheni? Le yenye yeendlela ezibonisa ubuchule bokufunda ngengqiqo.

Umzekelo wovavanyo lokufunda ngengqiqo unikiwe kwiNT kwikota nganye.

IZIFUNDO EZIMALUNGA NESIGAMA



Injongo

Isigama esityebileyo sithetha ukuba lowo unaso uza kubanezakhono zokufunda ngengqiqo. Ngexesha lesifundo sesigama abafundi baza:

- kuphucula ukufunda kakuhle njengokuba benakana amagama asetyenziswa rhoqo
- kwandisa amagama anokuphinyiselwa, bawaqonde, bawafunde baze bawabhale

Iindlela zokufundisa

Isigama esininzi sifundwa ngendlela engacetywanga, umzekelo, ngokuphulaphula utitshala xa efunda iitekisi ngokuvakalayo okanye eklasini xa utitshala esebenzisa ngenjongo isigama esityebileyo. Nangona kunjalo, ukuze uqinisekise ukuba abafundi bayalandisa inani lamagama abanako ukuwafunda futhi bawabhale, zikhona izifundo ezisesikweni zokufundisa isigama ezinxulumene netekisi eFundwa noTitshala ethi iphuhlise isigama esifunyanwa ngokufunda ngendlela ecacileyo.

Ukufundisa isigama esitsha

Ngokuba kutheni? Nangona abafundi besandisa isigama sabo ngokufunda iitekisi yokuFunda noTitshala, ukufundisa amagama amatsha ngendlela ecacileyo kuncedisana nokufunda.

Inyathelo loku-1: Ukuzilungiselela

- Yenza oonotsheluzi bamagama amatsha owathathe kwitekisi yokuFunda noTitshala.

Inyathelo lesi-2: Ukufunda amagama

- Phakamisa unotsheluzi ngamnye uze ubize igama. Abafundi kufuneka babize igama belandela emva kwakho, umzekelo, *culani*.
- Ngoku biza ilungu ngalinye, umzekelo, *cu-la-ni*. Abafundi babiza emva kwakho.
- Phinda uphakamise oonotsheluzi bababone abafundi, kodwa ubaxubile. Abafundi mababize amagama. Yiphindaphinde le nto amaxesha abe mbalwa.

Inyathelo lesi-3: Intsingiselo yegama ngalinye

- Funda isivakalisi esikwitekisi yokuFunda noTitshala apho lifumaneka khona eli gama.
- Abafundi bakhangelana ze bakrwelele okanye balifake kwisangqa okanye bafake umbala kwigama ngalinye elitsha elikwitekisi yokuFunda noTitshala.
- Xoxani ngentsingiselo yegama ngalinye. Yongeza ulwazi lwabo lwamagama. Xoxani ngoomabizwafane, izithethantonye, izichasi, amagama anoonobumba abayipatheni efanayo.

Inyathelo lesi-4: Ukubhala

- Abafundi babhala amagama okanye iintsingiselo zamagama njengenxalenye yemisebenzi ekwiNYY.
- Abafundi bakhuphela amagama amatsha ze bawabhale kwiziChazi-magama zabo.

Ukuhlaziya

- Phakamisa oonotsheluzi umzuzu om-1-2 bababone abafundi ngexesha leLitheresi qho ngeveki. Yongeza oonotsheluzi ngokufaka nabeveki edlulileyo.

Ukwahluka

- Abantu abafundayo kufuneka balibone igama amaxesha ali-15 ukuya kuma-30 ukuze balinkqaye. Bonisa oonotsheluzi yonke imihla uze/okanye ubaxhome kudonga lwamagama.

Ukuhlolwa kwezakhono zesigama

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Thatha iNYY qho kwiveki nganye. Qwalasela indlela aqhuba ngayo umfundi ngamnye.
- Thatha iziChazi-magama zabo qho ngenyanga uzijonge.

Ukuhlola okusesikweni

Kwinkqubo yakwaFunda Wande, isigama siyavavanywa kwimisebenzi yokuHlola ukuBhala.



Injongo

Ngexesha lesifundo ngolwimi nokwakhiwa kwezivakalisi, abafundi baza:

- kufunda ngengqiqo ngokuqonda ngendlela ezakhiwe ngayo izivakalisi.
- kubhala izivakalisi ezinegrama echanekileyo ngokuthi baqonde indlela yokwakhiwa kwezivakalisi.
- kunxulumanisa iimpawu zegrama kunye neendidi ezithile zoko kubhalwayo.

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** Injongo yomsebenzi wolwimi kukuncedisa abafundi bakwazi ukubhala izivakalisi ezinegrama echanekileyo. Isivakalisi esikwitekisi yokuFunda noTitshala siyachongwa ze sibhalwe ebhodini. Abafundi bayasifunda za basibhale isivakalisi. Basisebenzisa njengesiseko sokubhala ezabo izivakalisi. Ootitshala basebenzisa eli thuba ukufundisa ulwimi olulula kunye neempawu zokubhala.

► **IBanga lesi-2** Indlela yokufundisa igrama ngokwenkqubo isetyenziswa ekuncedeni abafundi ukuba bakwazi ukufunda isivakalisi sonke baze baqwalasele iimpawu zokubhala kunye nomsebenzi wegama ngalinye. Isivakalisi esithathwe kwitekisi yokuFunda noTitshala sifumaneka ngasemva kwiNYY khonukuze abafundi bakwazi ukusisika ze basilandelelanise ngendlela echanekileyo. Ootitshala bayalisebenzisa eli thuba ekuchazeni nasekufundiseni izigaba zentetho.

► **IBanga lesi-3** Kusasetyenzwa ngokwendlela yokukufundisa igrama elandela inkqubo, kuchongwa isivakalisi esinye kwiNYY ukuze abafundi basebenze ngaso. Bakrwelela okanye bafake kwisangqa igama elithile okanye iimpawu zokubhala ngokwemisebenzi yazo. Sebenzisa eli thuba ufundise izigaba zentetho ezahlukileyo okanye igrama. Abafundi bangaziqhelanisa nalo msebenzi kwiincwadi zabo zomsebenzi.

Iindlela zokufundisa

Ukwakha izivakalisi (**IBanga lesi-2 neBanga lesi-3**) (imizuzu eli-15)

Ngokuba kutheni? Ukufunda nzulu nokwakha isivakalisi esinye okanye ezibini ezinepatheni ethile kuza kuphuhlisa ulwazi lwegrama kwaye kufuneka uyisebenzise ke le nto ngeenjongo zokuncedisana nokufunda ngengqiqo.

Inyathelo loku-1: Ukwazisa abafundi ngesivakalisi

- **IBanga lesi-2:** Funda isivakalisi esikwisishwankathelo somsebenzi weveki kwiNT.
- Abafundi basika isivakalisi esingumcu kwiphepha elilungiselelwe ukuba lingasikwa nelingasemva kwiNYY.
- **IBanga lesi-3:** Bhala isivakalisi esingundoqo ebhodini okanye ucele abafundi ukuba batyhile kwiphepha elililo leNYY.

Inyathelo lesi-2: Ukusebenza ngesivakalisi

- Buza imibuzo emalunga nokwakhiwa kwesivakalisi kunye neempawu zokubhala.
- Ncedisa abafundi bachonge amagama athile/iqela lamagama/inxalenye yamagama kwisivakalisi. Umzekelo:
 - *Khangela igama elisixelela ukuba **ngubani** owenze into ethile. Qaphela ukuba sinjani ekuqaleni isivakalisi.*
 - *Khangela igama/amagama asixelela **ngento abayenzayo**? Qaphela indawo elikuyo/akuyo kwisivakalisi. Inxalenye yeli gama lisixelela ukuba sele beyenzile loo nto (ixesha lesenzi).*
- Ncedisa abafundi bacinge ukuba ingaba igama **lenzani** ngokuthi ubabuze imibuzo.
- **Imizekelo yemibuzo** (ixhomekeke kwinto onqwenela ukuyifundisa okanye ukuyihlaziya):
 - Imibuzo ethi, **Ngubani?** no**Yintoni?** incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuchonga izibizo (abantu nezinto).
 - Imibuzo ethi **Wenza ntoni?** incedisa abafundi ukuba bachonge izenzi (izenzo, izinto, ezithethwa okanye eziviwa ngabantu, ixesha esikulo isenzi).

- Imibuzo ethi **Nini?** incedisa abafundi bakwazi ukuchonga ixesha eyenzeke ngalo into (isihlomelo sexesha).
- Imibuzo ethi **Phi?** incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuchonga indawo ekuyo into (isihlomelo sendawo).
- Imibuzo ethi **Ngoba?** iyabanceda abafundi ukuba bakwazi ukuchonga isizathu sesenzo (isihlomelo).
- Umbuzo othi **Njani?** unceda abafundi ukuba bakwazi ukuchonga indlela eyenzeke ngayo into ethile (isihlomelo sobunjani).

Inyathelo lesi-3: Ukuqwalasela ngaphaya kwesivakalisi

- **IBanga loku-1:** Abafundi bagqibezela isivakalisi kwiNYY okanye babhale esabo isivakalisi.
- **IBanga lesi-2:** Abafundi baxuba amagama okanye iqela lamagama asikiweyo.
- Bakha ngendlela echanekileyo isivakalisi baze basifunde ngokukhwaza.
- Basincamathisela kwincwadi yabo yemisebenzi.
- **IBanga lesi-3:** Abafundi bagqibezela izivakalisi zabo ezisekelwe kwipatheni yesivakalisi.

Inyathelo lesi-4: Fundisa igrama (akunyanzelekanga)

- Sebenzisa isivakalisi uhlaziye isigaba sentetho esithile okanye umba othile wolwimi ohambelana nekharithulam.
- Jonga itheyibhile ekwiphepha le-18 ufumane iingcebiso.
- Umsebenzi owongezelelweyo obhalwayo unokwenziwa kwiincwadi zomsebenzi.

UkuPhononongwa koLwimi nokuNxulumanisa nesiNgesi

(**IBanga lesi-3** ngoLwesithathu wesibini qho enyangeni)

Inyathelo loku-1: Hlaziya isigama esitsha

- Phonononga isigama esitsha seveki ngokuthi unike intsingiselo emva koko ubuze ukuba yintsingiselo yaliphi igama, okanye unike igama ze ucele intsingiselo yalo.
- Xoxani ngamagama esiNgesi anentsingiselo efana neyala magama (anikwe kwiNT).

Inyathelo lesi-2: Sihlaziye isivakalisi ube sele usinxulumanisa nesiNgesi

- Funda kunye nabafundi isivakalisi.
- Xoxani ngendlela abafundi abanokusitsho ngayo esi sivakalisi ngesiNgesi.
- Sibhale ebhodini isivakalisi sesiNgesi (asifumaneki esi sivakalisi kwiNYY).
- Gxilani ngokufutshane kumsebenzi wegama elinye okanye amabini ngendlela efanayo kuLwimi lwaseKhaya, umzekelo, “*Liliphi igama elisixelela ukuba wenza ntoni?*” (isenzi).
- Abafundi bagqibezela iphepha lokuphonononga elikwiNYY.

Igrama

Igrama kufuneka ifundiswe kwizifundo zaxa kuFundwa noTitshala naxa kuBhalwa noTitshala ukanti ke nakwizifundo zoLwimi. Abanye ootitshala bangathanda ukufundisa igrama ngendlela ecacileyo. Inkqubela-phambili yekharithulam elapha ngezantsi inokusetyenziswa njengesikhokelo.

Inkqubela-phambili

► IBanga loku-1

Ikota yoku-1: Ukwakhiwa koonobumba abancinci ngokuchanekileyo; Ukubhala iitekisi zemifanekiso, Ukhuphela uluhlu lwe-alfabhethe, amagama amafutshane nezivakalisi; Ukhuphela aze abhale igama lakhe, amagama amafutshane nezivakalisi, Banegalelo kwiimbono zebali leklasi (ukuBhala naBanye).

Ikota yesi-2: Ubhala izivakalisi esebenzisa izandi esele zifundisiwe; ubhala isivakalisi esinye; Ukubhala iitekisi zemifanekiso; Ugqibezela uluhlu lwamagama; Banegalelo kwiimbono zebali leklasi (ukuBhala naBanye); Isichazi-magama – uqalisa ukwakha uvimba wamagama nesichazi-magama sakhe esebenzisa unobumba wokuqala emagameni.



Ikota yesi-3: Bhala izivakalisi ezibini; Iziphumlisi, kuquka oonobumba abakhulu xa kubhalwa amagama abantu; imiyalezo; ixesha eladlulayo; Isinye nesininzi; Ixesha langoku neladlulayo; izimelabizo; Upelo; uqalisa ukwakha uvimba wamagama nesichazi-magama sakhe.

Ikota yesi-4: Ukubhalwa kwezivakalisi ezithathu; Iziphumlisi kuquka oonobumba abakhulu xa kubhalwa amagama abantu; Isinye nesininzi; Ixesha langoku neladlulayo; izimelabizo; Upelo; ukubhala uluhlu lwesigama ngokwe-alfabethi kwizichazi-magama.

► IBanga lesi-2

Ikota yoku-1: iziphumlisi, isinye nesininzi; izibizo, izenzi, imiyalezo, uluhlu lwezinto kusetyenziswa ikoma; ukuvelisa uvimba wesigama nesichazi-magama

Ikota yesi-2: inkqubo yokubhala, itekisi echazayo, imiyalelo ebonisa indlela; iziphumlisi, izibizo zoqobo, izimelabizo, izinciphiso; Ixesha langoku neladlulayo; isichazi-magama; izithetha-ntonye; upelo; izichasi; oomabizwafane; ukuvelisa uvimba wesigama nesichazi-magama

Ikota yesi-3: Inkqubo yokubhala; iziphumlisi; Isichazi-magama; izithetha-ntonye; izinciphiso; izichasi; ixesha langoku, eladlulayo nelizayo; oomabizwafane; imo elandulayo; izenzi; izibizo; izimelabizo; upelo; ukukhulisa uvimba wesigama nesichazi-magama

Ikota yesi-4: Inkqubo yokubhala; iziphumlisi; ukulandelelana kweziganeko (kuqala, kwalandela ze kwagqibela); iziphumlisi; izibizo; isinye nesininzi; isinciphiso, abanntwana bezilwanyana; izenzi – ixesha langoku, eladlulayo nelizayo; Amaxesha onyaka; izichasi, izithetha-ntonye; oomabizwafane; izichazi; upelo, ixesha langoku, eladlulayo nelizayo; ukukhulisa uvimba wesigama nesichazi-magama.

► IBanga lesi-3

Ikota yoku-1: Inkqubo yokubhala (izivakalisi ezisi-8 ngeendaba, ibali, itekisi echazayo); iziphumlisi; izenzi – ixesha langoku, eladlulayo nelizayo; izibizo – isinye nesininzi; Amagama abonisa apho into ikhoyo, imiyalelo, izichazi

Ikota yesi-2: Inkqubo yokubhala ukubhala imihlathi emi-2 (izivakalisi ezili-10; ukugcina idayari yeveki; iphepha leziqulatho); iimpawu zokubhala; amagama abonisa apho into ikhoyo; isinye nesininzi; isichazi-magama, iinyanga namaxesha onyaka; isichazi-magama

Ikota yesi-3: Izihlanganisi Ukubhala kwidayari; ukushwankathela ibali) iimpawu zokubhala; Imigaqo yopelo; oonobumba abakhulu; isingxi; ikoma; uphawu lombuzo; uphawu lokukhuza; izibizo; izimelabizo; izichazi; izenzi; izihlomelo; isichazi-magama novimba wesigama

Ikota yesi-4: Inkqubo yokubhala – drafti, ukuhlela nokupapasha iimihlathi emibini (izivakalisi ezili-12) Ukulandelelanisa; Izivakalisi ezimbaxa ezinezihlanganisi. Upelo; uvimba wamagama kunye nesichazi-magama

Ukwahluka

- lipatheni zezivakalisi kwizifundo zoLwimi zisetyenziswa njengesixhobo sokuqinisekisa ukuba bonke abafundi babhala izivakalisi ezichanekileyo ngokwegrama.
- Abafundi banokunikwa umsebenzi owongezelelweyo wegrama baze bawenze kwiincwadi zabo zomsebenzi.

Ukuhlolwa kolwimi nezakhono zokwakha izivakalisi

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Ukuqwalaselwa kwabafundi xa besenza umsebenzi wokuthetha nokubhala uza kuvelisa ukuba ngabaphi abafundi abasokolayo.
- Thatha iiNYY kunye neencwadi zabafundi zomsebenzi qho ngeveki nganye.
- Qwalasela inkqubela-phambili yomfundi ngamnye uze ufundise kwakhona izinto ezithile xa ubona kuyimfuneko.

Ukuhlola okusesikweni

UkuziBhalela koMfundi ngamnye

Kwinkqubo yakwaFunda Wande, igrاما ivavanywa kwimisebenzi yokuhlola ukubhala ngokusesikweni. Isiqingatha samanqaku esinikwayo sesolwimi, kwaye oku kuquka izivakalisi ezakhiwe ngendlela echanekileyo nopelo oluchanekileyo/namagama akhethwe ngendlela echanekileyo.

IZIFUNDO ZOKUFUNDA NGENGQIQO



Injongo

Uvavanyo lwengqiqo yindlela ephambili yokukuvavanya ubuchule babafundi bokufunda oluqulunqwe ngokomgangatho ofanelekileyo ngaphandle. Kwizifundo zengqiqo abafundi baza:

- kuphendula imibuzo emalunga netekisi ngokufunda ngenyameko inkcukacha ezithile zetekisi ngaphandle kokuzama ukuyinkqaya.
- kufunda ngeendidi zemibuzo ahlukileyo okubuza imibuzo.

Inkqubela-phambili

➤ **IBanga loku-1** Ukubuza imibuzo ngeenjongo zokujonga ukuba abafundi bayiqondile na itekisi idla ngokuba ngumsebenzi womlomo. Lo msebenzi wenziwa emva kokuphulaphula ibali elifundwa ngokuvakalayo okanye emva kokufunda iitekisi zokuFunda noTitshala. Abafundi baziswa amagama ahlukileyo asetyenziswa xa kubuzwa imibuzo. KwiKota yoku-1, ukuhlolwa kokufunda ngengqiqo kwenziwa ngomlomo, kuhlolwa umfundi ngamnye ngexesha. KwiKota yesi-2, uvavanyo lokuqonda olulula, olumalunga netekisi luyasetyenziswa ekuhloleni. Ikho ke nemisebenzi yokufunda ngengqiqo emva kweetekisi zezaKhono zoBomi.

➤ **IBanga lesi-2** Kucetyiswa ukuba kubuzwe imibuzo yomlomo emva kokufunda ngokuvakalayo nasemva kokufunda kunye notitshala khonukuze kujongwe ukuba baqondile na abafundi kwaye kuthethwe nangamacebo okufunda ngokuqonda, umzekelo, ukuqikelela. Imibuzo ihlelwe ngokwezi ndidi zemibuzo: apha, efihlakeleyo, efuna intloko kunye naleyo ifuna intliziyo.

➤ **IBanga lesi-3** Kucetyiswa ukuba kubuzwe imibuzo yomlomo emva kokufundwa kweetekisi ngokuvakalayo nasemva kokufunda kunye notitshala khonukuze kujongwe ukuba baqondile na abafundi futhi kuhlaziwe namacebo okufunda ngengqiqo. KwiBanga lesi-3, uvavanyo lokuqonda olubhalwayo luyandiswa ngokuthi lwenziwe kabini kumxholo ngamnye, kusetyenziswa itekisi yokuFunda noTitshala. Kubuzwa iindidi zemibuzo ezahlukileyo. Ii-ayikhoni zemibuzo neempendulo ziyabancedisa abafundi ukubona ukuba le mibuzo yimibuzo efuna bakhangele ze bafumane, bafunde ze bacinge okanye imibuzo efuna umfundi ngamnye azimele. KwiKota yesi-4, ifomathi yemisebenzi yokufunda ngengqiqo iyatshintsha kwaye inani lemisebenzi nalo liyenyuka, khonukuze kulungiswe abafundi bakwazi ukubhala ukuhlola okusemgangathweni othile. Xa kuphela unyaka, abafundi kufuneka bakwazi ukufunda imibuzo emininzi yokufunda ngengqiqo, banakane udidi lombuzo baze baqonde ukuba yintoni efunekayo kwimpendulo.

Iindlela zokufundisa

Inyathelo loku-1: Ukufunda itekisi (Phinda uye kujonga ukuFunda noTitshala)

- Qinisekisa ukuba abafundi bayifundile itekisi **kunye** nawe, njengoFT okanye ngokwabelana.
- Xa nisenza ukuFunda noTitshala, yazisa abafundi ngamacebo okufunda ngengqiqo anokusetyenziswa ngabafundi xa befunda. La macebo aquka la alandelayo:
 - Ukuqikelela, ukuchonga, ukuba sezihlangwini zabalinganiswa abasebalini
 - Ukuchonga isimo sentlalo sebali
 - Ukuchonga eyona ngcinga iphambili yebali okanye injongo yebali
 - Ukuqonda indlela elakhiwe ngayo ibali – isiqalo, isiqu nesiphelo
 - Ukuzigada njengokuba ufunda, ukuqinisekisa ukuba le nto uyifundayo inentsingiselo
 - Ukuba wawukhe wayifunda itekisi yokuFunda noTitshala, phinda uyifunde kwakhona phambi kokuba abafundi baphendule imibuzo.

Inyathelo lesi-2: Ukuchaza imibuzo

- Chaza ukuba abafundi bangatyhila babuye umva khonukuze bafumane iimpendulo. Olu asilovavanyo lokunkqaya.
- Funda ngokuvakalayo imibuzo ebhaliweyo.
- Chaza ukuba kufuneka ntoni xa kuphendulwa iindidi ezahlukileyo zemibuzo. Chaza kuphela udidi lwemibuzo yaloo veki. Bonisa nize niziqhelanise nemizekelo ethile ebhodini.

- Iindidi zemibuzo zingaquka le ilandelayo:
 - **Ukugcwaliswa kwetheyibhile:** ulwazi olufunyenwe kwitekisi malubhalwe ngokufakela amagama ashiyeleweyo kwitheyibhile.
 - **Imibuzo efuna kukhethwe impendulo enye echanekileyo kwezininzi:** funda zonke iimpendulo uze ukhethe kuphela echanekileyo.
 - Imiyalelo ecacisa oku inokwahluka. Isenokufuna ukuba abafundi bafake uphawu lomkorekisho okanye umbala kwisangqa okanye bafake impendulo echanekileyo kwisangqa.
 - **Itshekhlisti:** funda zonke iimpendulo ufake uphawu lomkorekisho kuzo zonke ezichanekileyo.
 - **Ukugcwalisa izikhewu:** bhala igama elichanekileyo kwisithuba esingenanto okanye ukuba kukho inani, bhala igama elichanekileyo ecaleni kwenani.
 - **Isivakalisi esipheleleyo:** phendula umbuzo usebenzise isivakalisi esipheleleyo neempawu zokubhala.
 - **Ukulandelelaninsa iziganeko:** faka amanani kwiziganeko ezisebalini.
- Kwi**Banga lesi-3**, khomba ii-ayikhoni ezibonisa abafundi amanqanaba ahlukileyo emibuzo. Bancedise ukuba bachonge iindidi ezahlukeyo zemibuzo, ezizezi: **bakhangele ze bafumane, bafunde ze bacinge okanye imibuzo efuna umfundi ngamnye azimele.**
 - **Ukukhangela ze bafumane** – imibuzo efuna impendulo ekwitekisi: impendulo ifumaneka kwitekisi.
 - **Ukufunda ze bacinge** – imibuzo efuna kucingwe kucaciswe: Impendulo inikiwe kwitekisi kodwa kufuneka ucinge ngayo ze uyibhale ngawakho amazwi.
 - **Ukuzimela komfundi ngamnye** – imibuzo efuna uluvo lomntu: Impendulo ayikho kwitekisi kodwa isengqondweni okanye entliziyweni yakho.
- Kwi**Banga lesi-3** IKota yesi-4, abafundi balungiselelwa uvavanyo lokuqonda olusesikweni nolukumgangatho othile abaza kuphinda bahlangane nalo kumabanga aphezulu. Olu vavanyo lufuna ukufunda iinkcukacha zephepha elinye okanye amabini etekisi ngononophelo, kuze kufakwe nesigama nezinto ezimalunga nolwimi, kwakunye neendidi ezahlukeyo zemibuzo.
- **Qaphela:** Kwi**Banga lesi-3** IKota yesi-3, abafundi kufuneka babenako ukuzifundela imibuzo, baze baqonde ukuba kufuneka ntoni. Baqeqeshe abafundi bakwenze oku kwiKota yoku-1 neyesi-2 ngokuthi umfundi ngamnye azifunde umbuzo, awubuze lo mbuzo mnye ngendlela yakhe ngamazwi akhe aze achazele iklasi oko kufunekayo.

Inyathelo lesi-3: Umsebenzi obhalwayo

- Abafundi benza umsebenzi wokufunda ngengqiqo okwiNYY okanye kwincwadi yomsebenzi

Inyathelo lesi-4: Ukukorekisha

- Ukuba ixesha liyavuma, korekisha umsebenzi kunye neklasi, uchaze ukuba kutheni iimpendulo ezithile zichanekile okanye kutheni iimpendulo ezahlukeyo zifanelekile. Izilungiso zibhalwa ngepensile.
- Thatha iiNYY ukuze ujonge umsebenzi.

Ukwahluka

- Imibuzo emininzi ifuna iimpendulo ezimfutshane. Oku ke kwenzeka kuba imisebenzi ebhalwayo yokufunda ngengqiqo ivavanya ukufunda, hayi ukubhala. Ukuba abafundi kufuneka beziqhelanise nokubhala, bangabhalwa iimpendulo ngezivakalisi ezipheleleyo kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Abafundi ekufuneka benikwe umsebenzi onobunzima bangaphendula lo mbuzo ofuna iingcinga zabafundi jikelele, *“Bhala uchaze ukuba ikukhumbuza ntoni le nto.”*
- Sebenzisa ixesha lokuFQNT uncede abafundi abasakolayo bakwazi ukufumana iimpendulo kwitekisi. Bacele bakhombe amagama anika iimpendulo.

Ukuhlolwa kokufunda ngengqiqo

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Thatha iiNYY ujonge umsebenzi, ujonge ukuba bazikorekishile na okanye hayi.
- Iziphumo ezithe gqolo zizibi zibonisa izakhono zokufunda ezingomelelanga kwaye abafundi badinga ukuba kwiqela lokuFQNT.

Ukuhlola okusesikweni

Uvavanyo lokufunda ngokuqonda

Ngokuba kutheni? Le yindlela yokumeta ubuchule bokufunda kwanokufunda ngengqiqo/ ngokuqonda

- Umzekelo womsebenzi wokufunda ngengqiqo, nesikhokelo sokukorekisha sinikiwe kwiNT.
- Jonga kunye nabafundi umsebenzi wokuhlola kwakhona uze ubabonise apho bagqwidize khona.

IZIFUNDO ZOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA



Injongo

UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala kunceda utitshala ngemiyalelo eyahluke ngokwamanqanaba kwiqela labafundi elifunda kwinqanaba elifanayo. Utitshala angaqwalasela inkqubela yomfundi ngamnye ekufundeni ngengqiqo. Ngexesha lezifundo zoFQNT ootitshala baza:

- kuhoya umfundi ngamnye ngokweemfuno zenqanaba akulo.
- kumamela umfundi ngamnye oseklasini xa efunda kanye okanye kabini ngeveki.

Inkqubela-phambili kunye nokwahlula

Amaqela okuFQNT ohluhlwa ngokwezakhono. Amaqela angasukela kwabangakwazi kufunda kwaphela ukuya kwabo bafunda kakuhle kwibanga ngalinye. Eli lithuba likatitshala lokuhlangabezana neemfuno zomfundi ngamnye.

► **IBanga loku-1** Abafundi bachazelwa ngomsebenzi wamaqela nokuFQNT. Into ekugxilwe kuyo kukwazi ngokuzenzekelayo izandi ezingoononye, ukunakana amagama asetyenziswa rhoqo xa bewabona, ukufunda iitekisi ezilula, nekulula ukuqikelela ukuze ufumane intsingiselo yazo. Baqala ngokufunda igama negama baze baye ekufundeni ibinzana okanye iziqwengana.

► **IBanga lesi-2** Into ekugxilwe kuyo kukufunda nokuqonda iitekisi ezinde ezahluka ngokwephepha nephepha. Abafundi banakana amagama asetyenziswa rhoqo baze basebenzise izakhono zabo zokunxulumanisa izandi noonobumba ekufundeni amagama amatsha. Bafunda amabinzana futhi ngesantya esilungileyo.

► **IBanga lesi-3** Into ekugxilwe kuyo kukufunda nokuqonda iitekisi ezinde okanye izahluko ezinamabali. Abafundi banakana onke amagama asetyenziswa rhoqo baze basebenzise izakhono zabo zokuhlasela amagama ezifana nokunxulumanisa izandi noonobumba nokufunda de bayakuphela ekupheleni kwesivakalisi. Bayakwazi ukufunda iindidi ezahlukeneyo zeetekisi. Bafunda ngokutyibilika baze bajonge intsingiselo ekwiitekisi.

Iindlela zokufundisa

Inyathelo loku-1: Hlola abafundi usebenzisa umz. u-EGRA

- Khangela ukuba umfundi ngamnye ulunga ndawoni na kwileli yokufunda (jonga kwiphepha lama-25).

Inyathelo lesi-2: Ukulungiselela ukuqalisa ukuFQNT

- Beka abafundi kumaqela amahlanu ngokwamanqanaba abakuwo okufunda.
- Nika abafundi amagama ahambelana nemixholo ethile, umzekelo, iintyatyambo okanye izilwanyana.
- Yenza iseshoni yokuFQNT neqela ngalinye mhlawumbi kanye (imizuzu engama-30) okanye kabini (imizuzu eli-15 x 2) ngeveki.
- Ngeli xesha kusetyenziswa iThayimtheyibhile yoHlaziyo, yenza enye iseshoni yokuFQNT, yemizuzu engama-30 qho ngosuku ngokusebenzisa ixesha lezifundo zezakhono zoBomi.
- Ngosuku ngalunye, sebenzisa iNYY okanye iNT ucwangcise umsebenzi ozakwenziwa ngabafundi beyiklasi ngeli xesha wena usebenza neQela eliFunda liNcediswa nguTitshala.
- Ngemini nganye, ucwangcisa into oza kuyenza neqela lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Sebenzisa imisebenzi yoFQNT kwiphepha lama-26 nelama-27.

Inyathelo lesi-3: UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala

- Hlalisa iklassi kakuhle umfundi ngamnye enze umSebenzi Owenza Wedwa.
- Biza iqela oza kusebenza nalo ukuba lihlale kufuphi nawe emethini.
- Yahlula ixesha lemisebenzi ye**zandi/yokunakana amagama** kunye **neyokufunda**.
- Kumaqela akwiNqanaba lokuFunda loku-1 nelesi-2, chitha inkoliso yexesha lokuFQNT kwizandi nemidlalo yokunakana amagama. Kumaqela akumanqanaba okufunda aphezulu, gxila ekufundeni iitekisi nokubethelela izandi ezisemxholweni.

Ukwenyuka kwileli yokufunda

Inqanaba lokufunda

Inqanaba lesi-5

(Iitekisi ezinobude)

- Funda baze baqonde itekisi ekumaphepha amaninzi.
- Funda ngokuvakalayo okanye ngokuthe cwaka.
- Funda phantse onke amagama asetyenziswa rhoqo ngokuzenzekelayo.
- Funda ngokutyibilika, ukutshintsha inkangeleko yobuso, ze baqaphele neempawu zokubhala.
- Kwazi ukufunda ze baqonde amagama amade abangawaziyo.
- Shwankathela itekisi.
- Phendula imibuzo ekwinqanaba elisezantsi naleyo ikwinqanaba eliphezulu.

Inqanaba lesi-4

(Ukufunda ngengqiqo)

- Funda umhlathi okanye iphepha.
- Funda ngokuvalayo okanye ukuzifundela ngokuthe cwaka.
- Funda ngesantya esilungileyo, beqaphela iimpawu zokubhala.
- Funda ngokuzenzekelayo amagama amaninzi asetyenziswa rhoqo.
- Chaza ukuba itekisi ithetha ngantoni.
- Phendula imibuzo ekwinqanaba elisezantsi kunye naleyo ikwinqanaba eliphezulu.

Inqanaba lesi-3

(Ukufunda ngokuvakalayo)

- Funda isivakalisi esi-1 ukuya kwezi-3 ngokuvakalayo.
- Nakana amagama athile asetyenziswa rhoqo.
- Chonga izandi zoonobumba baze badibanise izandi kumagama amafutshane.
- Phendula imibuzo emalunga nezivakalisi abazifundileyo.

Inqanaba lesi-2

(Ukunakana oonobumba)

- Biza izandi zabo bonke oonobumba be-alfabhethi.
- Bala baze babize izandi zoonobumba ezikwigama elifutshane.
- Funda amagama athile amafutshane axhaphakileyo.
- Thatha inxaxheba kukuFunda noTitshala.
- Phendula imibuzo emva kokuFunda noTitshala.

Inqanaba loku-1

(Ukuva izandi; imiba emalunga nokushicilelweyo)

- Qhwaba ze babale amalungu amagama.
- Biza izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwamagama abawavayo.
- Hambisa umnwe ukusuka ekhohlo ukuya ekunene ephepheni.
- Bonisa ukuba uyintoni umfanekiso ze kube yintoni kona ukubhala.
- Phulaphula ibali ze baphendule imibuzo ngomlomo.

Ukuhlolwa kokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Xa uphulaphule umfundi ngamnye efunda, qwalasela ukuba zeziphi izakhono aza kuzidinga ukugqithela kwinqanaba elilandelayo.
- Bhala amanqaku njengokuba uphulaphule.
- Cwangcisa iseshoni elandelayo yeqela yokuhlola okungekho sesikweni. Khetha imisebenzi ekwinqanaba elilungeleyo ukusuka kumaphepha 26–27.
- Uze ungadluleli kwizakhono ezinzima de zibe izakhono zokuqala sele ziphuhlile kubafundi.
- Ukuba kuyimfuneko, tshintsha inqanaba lemathiriyeli yokufunda, quka ukubethelelwa kwezandi nangakumbi, okanye tshintsha ukwakhiwa kweqela.

Ukuhlola okusesikweni

Ukufunda ngokutyibilika nangokuvakalayo (jonga UkuFunda noTitshala)

Kwiveki enye kwikota, isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala sisetyenziselwa ukuhlola ukufunda ngokuvakalayo.

Imizekelo yemisebenzi yamaqela okuFQNT

- Imisebenzi yokuFQNT yahlulwe yabayimisebenzi yeZandi nemisebenzi yokuFunda.
- Imisebenzi yeZandi yahlulwe ngokwamaNqanaba olwazi lwezandi kwizifundo zeZandi ezikwiphepha lesi-8.
- Imisebenzi yokuFunda yahlulwe ngokwamanaba aboniswe kwiLeli yokuFunda kwiphepha lama-25.
- **Imethodi:** Kuwo onke amanqanaba okufunda yenza imisebenzi ephuhlisa ukufunda kakuhle, ingqiqo kunye nezakhono zezandi ngokomxholo. Xa umfundi ngamnye efunda ngokuvakalayo, ncedisa ngokufunda ngokuyimfuneko, umz. funda kwakhona igama okanye isivakalisi, nceda ngokuguqula umbhalo ofihlakeleyo nokujonga ingqiqo. (*Ungakuchaza oku ngawakho amazwi? Ibimalunga nantoni le nto?*)

1. Imisebenzi yezandi nokunakana amagama

Ngoba kutheni? Xa izakhono zokunxulumanisa izandi noonobumba kunye nokunakana amagama kuzenzekela, kokukhona abafundi baza kufunda ngokutyibilika.

- Yenza into **ibenye okanye ezimbini** kule misebenzi ilandelayo ngokweemfuno zeqela.
- **Izixhobo:** Isethi zamakhadi anoonobumba, oonotsheluzi, iibhodi/amaphepha neepensile.

Izandi Inqanaba loku-1 (Izandi emagameni)	
Izandi ezibizwa ngomlomo emagameni	• Biza amagama okanye ubonise ngamakhadi emifanekiso asekuqheleni kwale ncwadi. • Abafundi bachonga izandi ezisekuqaleni kumagama ngokubonisa ikhadi elinonobumba • Qhubani ke niye kwizandi ezisekuqheleni/eziphakathi. • Dlalani imidlalo efana nomdlalo othi, <i>Ndiyacupha ngemehlo lam ...</i> okanye umdlalo wamakhadi okanye imidlalo yebhodi (qwalasela imizekelo kwiNcwadi kaTitshala iBanga loku-1 IKota yoku-1)
Izandi Inqanaba lesi-2 (izandi-nobumba)	
Oononye (izikhamiso, kulandele amaqabane)	• Biza isandi, abafundi baphakamisa unobumba ochanekileyo, bhala unobumba. Phakamisa unobumba. Abafundi babiza isandi esichanekileyo.
Izandi Inqanaba lesi-3 nelesi-4 (Ukunakana amagama, ukwahlula izandi ngokuya zisibanzima)	
Ukudibanisa izandi	• Veza amakhadi anezandi ezibini, isikhamiso neqabane. • Biza isandi ngasinye. • Zibeke kunye. Abafundi badibanisa izandi bakhe ilungu legama. • Yenza ngolu hlobo ke kumagama amafutshane.
Ukuqhekeza izandi	• Biza igama eliqhelekileyo. • Abafundi babala izandi. • Abafundi basebenzisa amakhadi onoonobumba bebonisa izandi. • Bakha igama ngamakhadi noonobumba.
Ukuqonda ngokukhawuleza amagama abonwa rhoqo	• Bonisa amagama agxile kwizandi koonotsheluzi. • Babonise amagama uwaveze ngokukhawuleza ixesha ngalinye. • Dlala imidlalo ngoonotsheluzi.
Ukufunda amagama okubekelwe ixesha (jonga iNYY yeBanga lesi-2)	• Sebenzisa umsebenzi okwiNYY okanye yenza olwakho uluhlu lwamagama. • Babekele ixesha elingumzuzu omnye wokufunda amagama.
Ukuqhekeza amagama	• Qhekeza amagama angaqhelekanga abe zizandi okanye ngamalungu.

2. Imisebenzi yokufunda yamaqela okuFQNT

Ngoba kutheni? Xa abafundi beziqhelanisa nokufunda ngokwenqanaba abakulo, kokukhona baza kufunda ngokutyibilika nangokuzithemba xa befunda.

- **Izixhobo:** Itekisi efanayo kumfundi ngamnye, ekwinqanaba lakhe. Ingathathwa kwincwadi yamabali, itekisi yokuFunda noTitshala ekwiNYY okanye naziphi na iincwadi/alungele ukuzifunda. Ungasebenzisa izixhobo ze **Banga loku-1**, **lesi-2** okanye **ezelesi-3**.
- **Ungabaniki itekisi ekunzima kakhulu ukuyifunda ngoba oku kungadala ingxaki. Abafundi akufanelanga ukuba basokole ngengama elingaphezu kwelinye kwiphepha elifutshane okanye amane kwiphepha elidana.**

Inqanaba lokufunda elikulo iqela	Umzekelo wendlela yokuqhuba olungiselelwe ootitshala
Inqanaba loku-1 (imiba emalunga nokushicilelweyo)	• Sebenzisa itekisi ebhalwe ngamagama amakhulu (iNcwadi eNkulu). • “Funda” imifanekiso kunye nabafundi. • Hambisa umnwe wakho ezantsi kwemigca ngelixa ufundayo. • Buza imibuzo emifutshane emalunga nephepha ngalinye ngenjongo zokujonga ukuba bayaqonda na. • Cela umfundi ngamnye ukuba abale amagama asephepheni.
Inqanaba lesi-2 (izandi zoonobumba namagama)	• Sebenzisa iitekisi ezikwinqanaba leBanga loku-1 unike umfundi ngamnye. • Funda itekisi ngokuvakalayo. • Abafundi mabakhombe okanye bahambise iminwe yabo ezantsi kwemigca njengokuba nifunda. • Phinda ufunde kwakhona itekisi baze bajoyine bafunde nabafundi. • Buza imibuzo elula khonukuze uqonde ukuba bayaqonda na abafundi. • Hlaziya izandi zoonobumba kumagama athile akhethiweyo. • Cela umfundi ngamnye ukuba achonge isandi sikanobumba ze afunde igama (alaziyo).
Inqanaba lesi-3 (ukufunda ngokuvakalayo)	• Sebenzisa iitekisi ezikwinqanaba leBanga loku-1 okanye lesi-2 unike umfundi ngamnye. • Fundani kunye nabafundi itekisi. • Khomba amagama ambalwa asetyenziswe rhoqo nizame ukuwachonga. • Ncedisa abafundi bazame ukubiza amagama amatsha. • Babuze imibuzo ukuze ujonge ukuba bayaqonda na. • Cela umfundi ngamnye ukuba asifunde ngokukhwaza isivakalisi.
Inqanaba lesi-4 (ukufunda ngengqiqo)	• Sebenzisa iitekisi zokufunda ezikwinqanaba leBanga loku-1, lesi-2 okanye lesi-3, unike umfundi ngamnye. • Abafundi bafunda iphepha ngokuthe cwaka. • Bancedise abafundi babize amagama amatsha ekunzima ukuwabiza. • Abafundi bayachaza ukuba iphepha lithetha ngantoni. • Cela umfundi ngamnye ukuba afunde umhlathi okanye iphepha ngokuvakalayo.
Inqanaba lesi-5 (itekisi ezinobude)	• Sebenzisa iitekisi zokufunda ezikwinqanaba leBanga lesi-2 okanye lesi-3 unike umfundi ngamnye. • Abafundi bafunda itekisi ngokuthe cwaka. • Babuze imibuzo ekwinqanaba eliphezulu (imibuzo efana nale ... <i>ngoba kunye nalo – ngekunjani ukuba</i>). • Bancedise abafundi ukuba bashwankathele itekisi. • Xoxani ngamagama amatsha okanye abanengxaki yokuwabiza abafundi. • Cela umfundi ngamnye ukuba afunde icandelo elithile ngokuvakalayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA



Injongo

Okukhona beziqhelanisa, baza kukhawuleza ukufunda nokubhala ngcono. Ngexesha lezifundo zomSebenzi Owenza Wedwa abafundi baza:

- kuphuhlisa ukuzimela ekufundeni nasekubhaleni khonukuze balungele amabanga aphezulu
- kuphuhlisa ukufunda ngokuthi bafunde iitekisi zokwenyani ezinika umdla (**IBanga lesi-3**)
- kwandisa ulwazi abanalo nto leyo enegalelo ekufundeni ngengqiqo (**IBanga lesi-3**)

Inkqubela-phambili

➤ **IBanga loku-1** Abafundi basebenza kwiNYY kuphela. KwiKota yoku-1, imisebenzi ihlaziya imiba emalunga namagama ashicilelweyo, kwiKota yesi-2 ukuya kweyesi-4, imisebenzi iquka ukuhlaziywa kwezandi, ukufunda ngababini nemisebenzi ekwincwadi yemisebenzi yakwaDBE.

➤ **IBanga lesi-2** UmSebenzi Owenza Wedwa ubhalwa ebhodini xa kuqala iveki. Abafundi bafunda ngababini kwiNYY, bandule ukuziqhelanisa nokubhala ngesandla kwiincwadi zabo zomsebenzi. Benza nomsebenzi okwincwadi yemisebenzi yakwaDBE baze babhale amagama kwizichazi-magama zabo. Oku ke kuyaphindwa qho ngeveki.

➤ **IBanga lesi-3** UmSebenzi Owenza Wedwa ugxile ekuziqhelaniseni kwabafundi nokufunda. Zintlanu iitekisi ezikwiNYY, iitekisi enye yosuku ngalunye lweveki. Ezi tekisi ke zinezihloko ezimalunga nezaKhono zoBomi futhi ziphinde zibe nezahluke zamabali. Kukho isifundo sokuphonononga qho ngoLwesihlanu.

Iindlela zokufundisa

Ukuqalisa umSebenzi Owenza Wedwa

Ngemini nganye ngexesha lokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, iklasi yenza umsebenzi owenza wedwa ngeli xesha utitshala ejonge ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, esebenza neqela elinye. Oku ke kufuna ukuba iklasi iziqhelanise nako ukuze iqonde ukuba kuthetha ukuthini ukusebenza ngokuzimela.

Inyathelo loku-1

- Bacacisele ukuba umsebenzi owenza wedwa uthetha ukuba abafundi bayazenzela umsebenzi ngaphandle kokucela utitshala ukuba abancedise.
- Ayingomsebenzi wenzelwa ukufumana amanqaku lo koko ngowokuziqhelanisa, ngoko ke abafundi kufuneka bazame "ukuzimisela".
- Usenokufuna ukubabonisa ukuba umSebenzi Owenza Wedwa awuthethi ukuba kufuneka bathethe, bangxole, badlale okanye bazame ukuba utitshala makamilisele ingqondo yakhe kubo.

Inyathelo lesi-2

- Banike umsebenzi wokuziqhelanisa, umzekelo, umfundi ngamnye angazoba umfanekiso wendlu yakowabo.
- Yenza umqondiso wokuba abafundi baqalise. Bakhumbuze ukuba bangathethi.
- Emva kwemizuzu emi-5 bachazele ukuba bayeke ukuzoba.

Inyathelo lesi-3

- Qhubeka ke noku qho ngemini, umana usandisa ixesha ngemizuzu embalwa de abafundi bakwazi ukuzisebenzela bodwa imizuzu eli-15.
- Hlala kwidesika yakho uze ubeke umbhalo othi awufumaneki ngeli xesha.
- **Qaphela:** KwiNcwadi kaTitshala ye**Banga loku-1** iKota yoku-1 iyachazwa indlela yokwenza oku nabafundi abaselula. Kwi**Banga lesi-2** nakwi**Banga lesi-3**, abafundi bangabe sele beyazi indlela yokwenza umSebenzi Owenza Wedwa.

UmSebenzi Owenza Wedwa

IBanga loku-1 (NYY)

Imisebenzi ye**Banga loku-1** yomSebenzi Owenza Wedwa ifumaneka kwiNYY. Le misebenzi iyadityaniswa ekupheleni kweveki nganye. Iquka le misebenzi ilandelayo:

- Amaphepha okuhlaziya izandi
- Iphepha lokufunda kwabafundi ngababini
- Iphepha lemisebenzi ephuma kwincwadi yemisebenzi yakwaDBE

Le misebenzi kufuneka iboniswe ze kufundiswe umsebenzi ngamnye ngutitshala ngolu hlobo lulandelayo:

Izandi

Sebenza kunye neklasi ukuze igqibe imisebenzi phambi kokuba uyikeke izisebenzele.

- Fundisa abafundi indlela amabasebenze ngayo nento ekufuneka beyenzile kwiphepha ngalinye. Bancedise bakhangele ipensile okanye umzekelo osele wenziwe baze baqaphele ke ukuba ingaba umsebenzi uyafana na nalowo bebhakhe bawenza ngaphambili.

Ukufunda ngababini

- Bonisa abafundi indlela yokufunda ngababini uze ucele ikhosi ukuba iziqhelanise nokufunda ngababini ngeli xesha wena ubajongile.
- Kusenokufuneka ukuba ukuphinde oku amaxesha ambalwa.
- Abafundi bafunda ngababini/ngamaqela abafundi abathathu, bexhasana. Le tekisi ke ibikhe yafundwa ngexesha lokuFunda noTitshala. Kodwa ke ngoku ayinamifanekiso.
- Abafundi babamba ingalo yeqabane labo xa befuna ukuncedwa. Iqabane linokunikwa umbuzo emaliwubuze.

Imisebenzi yencwadi yomsebenzi yeDBE

- Bonisa abafundi indlela yokufumana iphepha kwincwadi yabo yemisebenzi yakwaRainbow baze benze umsebenzi.

IBanga lesi-2 (iNcwadi kaTitshala)

Kunikwa imisebenzi esibhozo. Xa kuqala iveki, utitshala ubhala imisebenzi ebhodini njengoko kubonisiwe kwiNcwadi kaTitshala. Le misebenzi iquka:

- Ukufunda ngababini
- Ukubhala ngesandla (imisebenzi mithathu, yenziwa kwiincwadi zemisebenzi)
- Imisebenzi ekwincwadi yemisebenzi yakwaDBE (amaphepha amathathu)
- Ukubhala isigama kwizichazi-magama zabo

Le misebenzi kufuneka iboniswe ze kufundiswe umsebenzi ngamnye ngutitshala ngolu hlobo lulandelayo:

Ukufunda ngababini

- Abafundi bafunda ngababini/ngamaqela abafundi abathathu, bexhasana
- Babamba ingalo yeqabane xa befuna ukuncedwa.

Ukubhala ngesandla (kwenziwa kathathu ngeveki)

- Xa kuqala iveki, bhala imisebenzi eza kubhalwa ngesandla ebhodini. Le misebenzi yeyokunika umfundi ngamnye ithuba lokuziqhelanisa kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Abafundi bakhuphela ipatheni/oonobumba/amagama/izivakalisi ezisebhodini.
- Baqhubeka noku imizuzu eli-15.
- Fundisa abafundi indlela yokuzihlola xa bebhala ngesandla baze bafake oonobumba abazingcayo ngabo khonukuze aba nobumba babonwe ngutitshala.

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi zeDBE

- Anikiwe ke amaphepha ezi ncwadi zemisebenzi zakwaDBE. Chazela abafundi ngendlela yokufumana amaphepha achanekileyo baze benze umsebenzi.

Izichazi-magama zabafundi

- Bhala amagama ebhodini ukuze abafundi bawabhale kwizichazi-magama zabo.

IBanga lesi-3 (iNcwadi Yomfundi Yomsebenzi)

Kukho iitekisi ezintlanu zokuziqhelanisa nokufunda, kwiveki nganye. Itekisi yokuqala inezivakalisi ezisekeke kwizandi esele bezazi abafundi khonukuze bonke abafundi bakwazi ukufunda. Ezi tekisi zine zilandelayo zandisa ulwazi abanalo abafundi ngelixa zikwabanika ithuba lokuziqhelanisa nokufunda. Itekisi nganye inomsebenzi omfutshane okanye imibuzo.

Qaphela: Ezi tekisi zinokuFundwa ngaBabini.

Ukufundisa

- Hlaziya into ekumele uyenze xa ufika kwigama ongaliqondiyo: *“Jonga kwiinxenye zegama, biza oonobumba, qashela ukuba lithetha ukuthini ze uqhubeke ufunde.”*
- Chaza ukuba kufuneka wenzeni xa ugqibile ukufunda iitekisi. *“Phendula imibuzo kwincwadi yakho yomsebenzi.”*

Ukuphonononga umsebenzi qho ngoLwesihlanu

- Qho ngoLwesihlanu, utitshala ufundela abafundi iitekisi ezintlanu ezilungiselelwe umSebenzi Owenza Wedwa ngelixa abafundi belandela emva kwakhe. Oku ke kuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ulwazi olongezelelekileyo.
- Phendula imibuzo ngomlomo.
- Abafundi bayazikorekisha kumsebenzi wabo obhalwayo.
- Chazela abafundi naliphi na igama abalifumana linobunzima.

Ukwahluka

- Abafundi bagqibezela oko banako ukukugqiba baze bazisebenzele ngesantya sabo. Ngoko ke oku kuthetha ukuba umfundi ngamnye usebenza ngendlela eyahlukileyo kweyomye.
- Le misebenzi ayizukunikwa manqaku kwaye ayizukuvavanywa, ngoko ke khuthaza bonke abafundi ukuba “bazame”.
- Le misebenzi inokwenziwa ngabafundi bebabini okanye bengamaqela amancinci xa besokola abafundi.
- Abafundi abaqhwalela kakhulu banokunikwa iphepha elifotokotshiweyo elithathwe kwincwadi yemisebenzi ekumgangatho osezantsi ukuze benze umsebenzi.
- Kufuneka kukho umsebenzi owongezelelweyo okanye ingcebiso ngenjongo zokuhlangabezana nabafundi abawugqibileyo umsebenzi, umzekelo, ukufunda incwadi, ukufaka umbala, ukuthelekisa umsebenzi nowomfundi ogqibe kunye naye, njl.

Ukuhlolwa komsebenzi owenziwa ngabafundi ngokuzimela

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Thatha iincwadi zonke qho ngeveki ukuze ujonge umsebenzi, ujonge ukuba bazikorekishile na okanye hayi.
- Iziphumo ezithe gqolo ukuba zibi zibonisa ukuba abafundi basaqhwalela kwizakhono zokufunda nokubhala. Zama ukukhangelela abafundi umsebenzi okwinqanaba labo.

Ukuhlola okusesikweni

Akwenziwa ukuhlola okusesikweni kodwa uvavanyo lokufunda ngokutyibilika nangakuqonda luza kubonisa inkqubela-phambili epheleleyo.

IZIFUNDO ZOKUBHALA NGESANDLA



Injongo

Ukubhala ngesandla ngokucacileyo kwenza ukunxibelelana ngokubhala kube negalelo kwaye kubalulekile khonukuze kugqitywe imisebenzi yezemfundo ngexesha. Ngexesha lezifundo zokuBhala ngeSandla abafundi baza:

- kufunda ukwakha oonobumba ngendlela echanekileyo nokubhala amagama ngokudibanisa
- kubhala ngesantya esilungileyo
- kuziqhelanisa nokuhlala kakuhle babambe kakuhle izixhobo zokubhala ukuze kungabikho zintlungu naxinzelelo olunokuthi lubangele ukubhala ngokucotha nangokungacaciyo.

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** *lingcebiso: Iphepha elingabhalwanga, imigca engagqamanga enokusetyenziswa njengemigca evulekileyo*

Ikota yoku-1: Ukulungiselela ukubhala. lipatheni. Oonobumba abancinci abangoononye (ukulandelelaniswa kwezinto ekufuneka zifundiwe kunxulunyaniswa nezandi)

Ikota yesi-2: Oonobumba abancinci abangoononye, ukulandelelana kwabo kunxulunyaniswa nezandi

Ikota yesi-3: Oonobumba abakhulu, amagama amafutshane

Ikota yesi-4: Izivakalisi

► **IBanga lesi-2** *lingcebiso: Imigca engagqamanga enokusetyenziswa njengemigca evulekileyo (enekati okanye into efana nayo; imigca efana neyelrish)*

Ikota yoku-1: Hlaziya oononye boonobumba abancinci nabakhulu (balandelelana nangaluphi uhlobo)

Ikota yesi-2: Amagama nezivakalisi

Ikota yesi-3: Amagama nezivakalisi

Ikota yesi-4: Qalisa ukufundisa ukubhala ngokudibanisa njengokuba besabhala ngokuprinta.

► **IBanga lesi-3** *lingcebiso: Imigca engagqamanga isetyenziswa ngendlela eqhelekileyo.*

Ikota yoku-1: Oonobumba abancinci ababhalwe ngokudibanisa

Ikota yesi-2: Oonobumba abakhulu ababhalwe ngokudibanisa

Ikota yesi-3: Ukubhala ngokudibanisa kudibanisa amagama nezivakalisi

Ikota yesi-4: Izivakalisi ezibhalwe ngokudibanisa

Iindlela zokufundisa

Ukuqalisa ukufundisa ukubhala ngesandla kwiBanga loku-1, kwiKota yoku-1

Xa beqala **iBanga loku-1**, abafundi abathile basenokuba abakakwazi ukulawula iintshukumo zabo zezihlunu ezincinci. Ukubhala oonobumba kwincwadi yomsebenzi kufuna ukuba abafundi banxulumanise oko bakubonayo nentshukumo yabo yezandla (ukudibanisa okubonwayo nentshukumo). Izihlunu ezincinci eziseminweni yabo zisenokuba zisakhula kwaye ke bangasokola ekubambeni ipensile ngendlela echanekileyo. Ezi zakhono zithatha ixesha ukuphuhla kwaye ngumbono omhle ukuqalisa ukufundisa ukubhala ngesandla kusetyenziswa **iintshukumo ezinkulu** kwiiveki zokuqala zonyaka ingakumbi xa kufundiswa unobumba omtsha. Ngosuku olulandelayo iincwadi zomsebenzi zinokusetyenziselwa ukuziqhelanisa nokubhala unobumba omtsha.

Imizekelo yemisebenzi yokubhala ngesandla kusetyenziswa iintshukumo ezinkulu:

- Yakha unobumba emoyeni okanye esandleni sakho.
- Yakha unobumba ngokubhala ngetshokhwe phantsi kwindawo esanyentiweyo okanye ngoluthi esantini. Abafundi bangahamba phezu konobumba baze babize isandi sakhe.

- Abafundi basebenzisa ibhrashi yokupeyinta namanzi baze “bapeyinte” oonobumba phantsi kwindawo esanyentiweyo. Bangabiza isandi sikanobumba njengokuba bebhala.
- Abafundi bangaqengqa intlama yokudlala ibe yimicu emide baze bayisebenzise benze ngayo unobumba.

Qaphela: KwiBanga loku-1, UkuBhala ngeSandla kunxulunyaniswa nezandi. Abafundi baza kufunda ukwakha unobumba kunye nesandi esenziwa ngunobumba ngaxesha linye.

Ukubonisa izifundo zokubhala ngesandla (kumabanga onke)

Ngokuba kutheni? Abafundi kufuneka babone indlela echanekileyo yokwakha oonobumba. Kufuneka bakwazi ukubamba ipensile ngendlela echanekileyo, bahlale kakuhle futhi basebenzise kakuhle izandla zabo.

Inyathelo loku-1: Ukulungiselela

- Zoba iisethi zemigca emine kwindawo ethile yebhodi. Le migca ingayimigca engacimekiyo (ezotywe ngepeyinti) okanye ecimekayo (ngetshokhwe efakwe emanzini aneswekile).
- Abafundi kufuneka babe neeNYY zabo, iincwadi zomsebenzi zokubhala ngesandla kunye neepensile eziloliweyo. Azifuneki nganto iirabha.
- Ootitshala bangazama ukuba kubekho isethi yeepensile zokuBhala ngeSandla ezisitetotini, bacele umfundi oyinkokeli yeklasi azilole phambi kokuqala kwesifundo sokubhala ngesandla.
- Kufuneka izandla zabafundi zibe zicocekile. Iidesika kufuneka zijonge ngasebhodini.
- Abafundi baqoqosha iidesika zabo kungabikho nto zingenanto yakwenza nokubhala ngesandla baze bahlale iinyawo zabo zibe phezu komgamgatho weklasi.

Inyathelo lesi-2: Ukulungiselela ukubhala ngesandla (umzuzu om-1-2)

- Zamani ukuzilolonga nisebenzisa iingalo zenu (iintshukumo ezinkulu) niphinde nesebenzise iminwe yenu (iintshukumo ezincinci). Oku ke kungangumdlalo, umzekelo, umdlalo othi *USimon uthi ...; Umdlalo wephiko lamanzi*.

Inyathelo lesi-3: Ukubonisa indlela yokubhala ngesandla (imizuzu emi-5)

- Zoba ipatheni yokubhala phezulu ebhodini kwisethi yokuqala yemigca.
- Abafundi kufuneka bajonge ebhodini ukuze bazokubona xa kuboniswa indlela yokubhala ngesandla.
- **Oonobumba:** Chaza indawo ekuza kuqalwa kuyo. Cacisa/chaza indlela ekwakhiwa ngayo unobumba njengokuba ubhala nje, umzekelo, *“Jikela uze unyuke uphinde uhle.”*
- **Igama:** Chaza indawo ekuza kuqalwa kuyo, ushiya isithuba phakathi koonobumba, chaza igama likanobumba ngamnye uze ushiye isithuba phakathi kwamagama.
- **Xa kubhalwa ngokudibanisa:** Chaza iindidi zokujoyina (phezulu okanye ezantsi). Bonisa indlela yokubhala ungakhange uyiphakamise itshokwe njengokuba ubhala.
- **Babonise kabini.**

Inyathelo lesi-4: Ukubhala (imizuzu emi-2)

- Abafundi babhala **ngomnwe edesikeni** njengokuba utitshala ebabonisa okwesibini, bechaza indlela abakha ngayo unobumba bethethela ezantsi.
- Abafundi baqalisa ukubhala. Babhala umhla ze babhale unobumba abe mnye.
- Utitshala uyajikeleza ejonga:
 - **Indlela yokubamba ipensile nephepha:** ibanjwa ngathi ibanjwe ngemilenze yesele (ibanjwa ngeminwe emithathu), kukho isandla esixhasa iphepha
 - **Indlela yokuhlala:** ukuhlala ungagobeli phezu kwephepha, iingqiniba ziyakwazi ukushukuma kakuhle
 - **Ukucinezela iphepha:** licinezelwe ngendlela elungileyo iphepha
 - **Ukwakhiwa koonobumba ngendlela echanekileyo:** indawo ekuqalwa nekuphelwa kuyo, ixesha elilungileyo lokuphakamisa ipensile, ukudibanisa ngendlela engadali ukubhala okumdaka.
- Ukuba unobumba wokuqala uchanekile waze wajongwa, abafundi bagqibezela ukubhala umgca wonke.

- Ootitshala baphinda bajonge kwakhona kwaye ukuba umgca wokuqala uchanekile, bangabhala kongezantsi.
- Utitshala angabhala igama okanye oonobumba abadityanisiweyo khonukuze abafundi bakhuphele.

Qaphela: Ukuchazwa kwendlela yokwakha oonobumba abaprintiweyo, abakhulu nabancinci kucacisiwe kwiphepha lama-30 ukuya kwelama-31.

Izifundo zokuqhelanisa abafundi nokubhala ngesandla (kumabanga onke)

Ngoba kutheni? *Kufuneka abafundi balifumane ixesha lokuziqhelanisa nokubhala de bakwazi ukubhala kakuhle into ecacileyo nefundekayo*

- Abafundi kufuneka baziqhelanise nokubhala ngesandla yonke imihla imizuz eli-15.
- Sebenzani kwincwadi yomsebenzi, nikhokelwa yimigaqo yeSebe.
- Ukubhala ingayinxenye yomSebenzi Owenza Wedwa wabafundi okanye ingangumsebenzi weklasi.
- Khuthaza abafundi ukuba bahlalutye umsebenzi wabo baze bakhethe unobumba ongcono okanye igama ngokulifaka kwisangqa okanye ngokulikorekisha.
- Utitshala uthatha iincwadi ekupheleni kweveki khonukuze ajonge inkqubela-phambili yabafundi.

Ukwahluka

- Hlalisa abafundi abasebenzisa isandla sokunxele kwicala elisekunxele ledesika. Bancedise babeke amaphepha abo ngendlela eza kubenza babhale ngokulula. Bancedise kwindlela yokubamba ipensile.
- Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unezixhobo ezifanelekileyo. Ukusebenza ngepensile ebuthuntu okanye emfutshane kakhulu kwenza kube nzima ukubhala.
- Ukusebenzisa nokulawula ukusebenza kwezihlunu ezincinci kufundwa ngokwenza imisebenzi yokuziqhelanisa. Khuthaza abafundi abangekaphuhli kakuhle kwesi sakhono ukuba bazobe, babhale ekhaya kwaye baqhubeka nokuziqhelanisa.
- Zama ukwenza isethi yamakhadi abaza kubhala kuwo ukwenzela ukuziqhelanisa. Ncamathisela iphepha lokutreyisa kwikhadi ngalinye ukuze abafundi bakwazi ukukhuphela.

UkuHlolwa kokuBhala ngeSandla

Ukuhlola okungekho sesikweni

- **Isifundo sokubonisa indlela yokwenza:** Jonga uze ukorekise iimpazamo kwangoko, umzekelo, indlela yokubamba ipensile, ukubamba iphepha, ukucinezela xa kubhalwa, ukuphakamisa ipensile, nokuhlala emgceni xa kubhalwa.
- Xa beqhubeka nokuziqhelanisa abafundi, qwalasela iiNYY neencwadi zabo zokuBhala ngeSandla kwiveki nganye. Korekisha oonobumba ababhalwe kakuhle, bonisa apho oonobumba namagama bangabhalwanga emgceni, nalapho isithuba singashiywanga ngendlela eyiyo kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Ukongeza, jonga wonke umsebenzi wokubhala owenziwe ngumfundi kuzo zonke izifundo ngeenjongo zokuqwalasela inkqubela-phambili yomntwana yokubhala ngesandla.

Ukuhlola okusesikweni

Uvavanyo lokuBhala ngeSandla



























Ngoba kutheni? *Ukuze kuqwalaselwe indlela yokwakha oonobumba nenkqubela-phambili yokubhala ngesandla.*

- Umzekelo wovavanyo unikiwe kwiNcwadi kaTitshala kwikota nganye kwaye usekeke kumsebenzi owenziweyo kwikota.
- Sebenzisa irubhrikhi ukuze ukorekise ngendlela elungileyo.

UKWAKHIWA KOONOBUMBA**litshanti zokwakha oonobumba**

a	Qala echaphazeni, jikeleza unyuke wehle.
b	Qala echaphazeni, yehla, nyuka, ujikele.
c	Qala echaphazeni, ujikele.
d	Qala echaphazeni, jikela, unyuke umgama, uphinde wehle.
e	Qala echaphazeni, hamba ngqo, uye ngaphaya, ujikele.
f	Qala echaphazeni, ujikele kancinci, wehle. Phakamisa isandla, krwela umgca onqamlezayo embindini.
g	Qala echaphazeni, jikela, nyuka uye ngentla, wehle, ujikele.
h	Qala echaphazeni, yehla, nyuka ufike embindini, ujikele, wehle.
i	Qala echaphazeni, yehla, phakamisa isandla, ubeke ichaphaza.
j	Qala echaphazeni, yehla, ujikele. Phakamisa isandla. Beka ichaphaza.
k	Qala echaphazeni, yehla kangangoko, krwela umgca ongenayo nophumayo.
l	Qala echaphazeni, yehla.
m	Qala echaphazeni, yehla, nyuka, yiya ngaphaya, yehla, nyuka, yiya ngaphaya, wehle kwakhona.
n	Qala echaphazeni, yehla, nyuka, yiya ngaphaya, wehle.
o	Qala echaphazeni, ujikele.
p	Qala echaphazeni, yehla kangangoko, buya umva kwakhona ujikele.
q	Qala echaphazeni, jikela, nyuka, yehla, unyuke.
r	Qala echaphazeni, yehla, nyuka, uye ngaphaya .
s	Qala echaphazeni phezulu, wehle, jika esiphakathini, jika futhi ubuyele emva.
t	Qala echaphazeni, yehla, ujikele. Phakamisa isandla ukrwele umgca onqamlezayo kufutshane nesiphelo somgca.
u	Qala echaphazeni, yehla, jikela, nyuka, wehle.
v	Qala echaphazeni, yehla, unyuke.
w	Qala echaphazeni, yehla, nyuka, yehla, nyuka.
x	Qala echaphazeni, yehla. Phakamisa isandla, uhlabe.
y	Qala echaphazeni, yehla, nyuka, yehla, ujikele.
z	Qala echaphazeni, krwela umgca oya ekunene, yehla uxwese, uphinde uye ekunene.





a b c d e f g
h i j k l m n
o p q r s t u
v w x y z

A B C D E F G
H I J K L M N
O P Q R S T U
V W X Y Z

IZIFUNDO ZOKUBHALA



Injongo

Ukubhala into ethungelanayo nechanekileyo yinto ebaluleke kakhulu kubuChule beNgqondo malunga noLwimi (CNML). Ngexesha lezifundo zokubhala ngesandla abafundi baza:

- kuziqhelanisa nokubhala izivakalisi nemihlathi enolwimi negrama echanekile
- kubhalela injongo ethile kubhalwa izinto ezikumgangatho wodidi ngalunye lomsebenzi oveliswayo xa kubhalwa, umzekelo, uluhlu, iiresiphi, idayari
- kusebenzisa ixesha lezenzi elichanekileyo, iimpawu zokubhala nopelo oluchanekileyo
- thetha ngendlela abaziva ngayo nangamava abo
- kubhala ngendlela ebonisa isakhono sokuyila nokukwazi ukusebenzisa imifanekiso ntelekelelo, umzekelo ingcaciso emalunga nomfanekiso, ibali
- kubhalela ulwazi kusetyenziswa izinto ezakha iindidi zolwazi, umzekelo, inkcazelo, i-eksperimenti

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** Ukuzoba, kuyindlela yokubeka izimvo ngokubhala, kwaye kuyafakwa rhoqo kwimisebenzi yokubhala emininzi. Ukubhala kusekelwe kwibali elifundwa kunye notitshala okanye kumava abafundi, ngoko ke isigama siza kuqheleka kubo. Abafundi banikwa ezinye iitekisi ezikwinqanaba elifanelekileyo labafundi (iindidi zeetekisi) ezifana noluhlu nengcaciso yemifanekiso. Abafundi bayancediswa ukuba babhale izivakalisi, hayi amabinzana, besebenzisa iimpawu ezilula zokubhala nopelo oluchanekileyo lwamagama asetyenziswa rhoqo. Babhala izivakalisi ezizezabo ezithathu ubuncinane xa begqiba iBanga loku-1.

► **IBanga lesi-2** Ukubhala kunxulunyaniswa nokuFunda noTithala ibali okanye umxholo. Abafundi baqalisa ukusebenzisa inkqubo yokubhala baze babhale futhi bahlele umsebenzi abawubhalileyo. Qho ngeveki, baza kubhala iindaba zabo. Iitekisi ezahlukeneyo ziyafundiswa kwiveki nganye, umzekelo, amakhadi, iileta namabali. Babhala izivakalisi ezi-4 ukuya kwezi-6 baze baqalise ukubhala imihlathi. Basebenzisa iimpawu zokubhala ezininzi, amaxesha ezenzi amathathu angundoqo baze bapele amagama aqhelekileyo ngendlela echanekileyo. Ixesha elithile libekwa bucala ukuze bahlele umsebenzi wabo.

► **IBanga lesi-3** Ukubhala kusondele kakhulu kumxholo. Iindidi zemisebenzi ebhalwayo iyaxhaswa ze ifundiswe iiveki ezi-2 ukuya kwezi-3. Abafundi babhala iitekisi ezikhethiweyo zikhethelwe izizathu ezithile, ziquka ukubalisa, ukuphonononga iincwadi, idayari, i-eksperimenti, incoko yababini kunyeneenkcazelo ezimalunga nenzululwazi kusetyenziswa iitekisi ezingeyonyani nezo zinika ulwazi. Abafundi babhala izivakalisi ezi-8 ukuya kwezili-12 okanye imihlathi emi-2 ukuya kwemi-3 ngokukhokelwa luhlobo lomsebenzi obhalwayo. Izivakalisi ziquka ezifutshane nezo zide, ezimbaxa, ezineempawu zokubhala ezichanekileyo kunye namagama aqhelekileyo apelwa ngokuchanekileyo.

Iindlela zokufundisa

Ukuxhasa ukubhala kwiveki yonke

Ngoba kutheni? Xa ukubhala kuxhaswa, iziphumo ziba ngcono.

Inyathelo loku-1: Fundisa zonke izifundo ucinga ngokubhala engqondweni yakho

- Funda isihloko ekuza kubhalwa ngaso ekuqalekeni kweveki.
- Ukugxila kwindlela ukufunda usuka kumsebenzi weOrali, Isigama nezifundo zoLwimi kunokuncedisana nezifundo zokubhala.
- Ngexesha loFT bonisa abafundi iimpawu zetekisi ezifana nemihlathi, izihloko, nezihlokwana. Babonise nemiba yegrama, umzekelo, ixesha lezenzi, ngubani obhalayo, iimpawu zokubhala ezikhethekileyo.

Inyathelo lesi-2: Ifreyim yokubhala okanye amagama aqala izivakalisi

- Kwizifundo zokuBhala, sebenzisa iifreyim zokubhala ozinikiweyo okanye amagama aqala izivakalisi anikiweyo.

- Bonisa abafundi inkqubo yokubhala ngokusebenzisa ukuBhala kunye noTitshala.
- Phambi kokuba bazibhalele abafundi, bachazele indlela oza kukorekisha ngayo ze ubacacisele **nangekhrayitheriya yokukorekisha** oza kuyisebenzisa (Uza kujonga ntoni).
- Ukubhala kunokwenziwa kwincwadi yomsebenzi.
- Wonke umsebenzi kufuneka ube nomhla.

Inyathelo lesi-3: Ukuzihlelela umsebenzi

- Bakhuthaze abafundi ukuba bafundelane umsebenzi abawubhalileyo baze bawuhlele phambi kokuwungenisa kutitshala.

UkuBhala kunye noTitshala

Ngoba kutheni? Bonisa indlela yokubhala nokuhlela itekisi ebhaliweyo; bonisa unxibelelwano olukhoyo phakathi kweengcinga, amagama kunye nokubhala; nika imizekelo yeepatheni ezichanekileyo zolwimi nopelo; fundisa iimpawu zohlobo oluthile lomsebenzi oza kubhalwa.

Inyathelo loku-1: Ukulungiselela isifundo sokubhala kunye notitshala

- Lungisa umsebenzi wokuBhala kunye noTitshala ngokuthi ukhuphele ebhodini ifreyim yokubhala, amagama aqala izivakalisi okanye imibuzo ekwiNT.

Inyathelo lesi-2: Ukufundisa

- Wena ungumntu oza kubhala (umbhali), abafundi bona baza kuvelisa iingcinga zabo nezivakalisi.
- Ukuba ubona kufanelekile, funda okanye nijonge umzekelo womsebenzi obhalwayo, umzekelo, idayari.
- Chaza injongo yohlobo lomsebenzi obhalwayo, umzekelo, “*Kutheni sibhala idayari? Ifundwa ngubani?*”
- Funda ifreyim yokubhala/amagama aqala izivakalisi **kunye** nabafundi.
- Phokozani izimvo zenu, ngomlomo. Khethani olona luvo lungcono.
- **Okanye** bhalani iingcebiso kwicala elithile lebhodi. Abafundi bangavotela izimvo ekumele zisetyenziswe.
- Xa nibhala, fumanani “uncedo” kubafundi (umzekelo, “*Liliphi igama ekumele ndilibhale kuqala? Ingaba ndibhala unobumba omkhulu apha? Silipela njani eli gama ..., njl*) khonukuze abafundi babone inkqubo neendlela zokuyila itekisi.

Inyathelo lesi-3: Ukufunda

- Xa nigqibile ukubhala, iklasi ifunda kunye itekisi entsha ebhaliweyo.
- Yiyeke isebhodini itekisi ebhalwe kunye notitshala ukuze abafundi bajonge kuyo ngexesha lesifundo sokuzibhalela.
- Ukwandisa lo msebenzi, abafundi bangakhuphela itekisi entsha kwiincwadi zabo zomsebenzi baze bazobe umfanekiso ohambelana nayo.

Ukuzibhalela kwabafundi ngabanye

Ngoba kutheni? Nika abafundi ithuba lokubhalela injongo. Zininzi kwaye zahlukile iindlela zokuzibhalela kwabafundi kwinkqubo yakwaFW.

1. Ukubhala okwakhiwe ngendlela

Sebenzisa ifreyim yokubhala okanye amagama aqala isivakalisi ukuze uncedise abafundi bakwazi ukubhala uhlobo oluthile lomsebenzi.

Inyathelo loku-1: Kwingxoxo emfutshane yaphambi kokuba kubhalwe (imizuzu emi-2–3)

- Hlaziyani injongo yokubhalwa komsebenzi oza kubhalwa
- Phindani niyifunde itekisi eniyilileyo xa benibhala kwisifundo sokubhala kunye notitshala
- Chaza ikhrayitheriya oza kuyisebenzisa xa ukorekisha/uza kujonga ntoni kuloo nto bayibhalayo.

Inyathelo lesi-2: Abafundi bakhetha ezabo izimvo

- Basebenzisa ifreyim yokubhala ukuzama ukwakha oko baza kukubhala.

2. Ukubhala ngokukhululekileyo

Iithuba elingena luxinzilelo lokuba abafundi baphuhlise ukuzithemba kwabo ekubhaleni.

Inyathelo loku-1: Kwingxoxo emfutshane yaphambi kokuba kubhalwe (umzuzu om-1-2)

- Funda imiyalelo.

Inyathelo lesi-2

- Abafundi babhala ngokukhululekileyo oko kumalunga nomsebenzi.
- Khuthaza uze uncome izimvo ezintsha nezinomdla kunye nesigama sabo.
- Khuthaza abafundi ukuba “bazame” ukuza nezimvo kunye nopelo.
- Bachazele ukuba uza kuwufunda umsebenzi ze uphawule ngawo endaweni yokunika amanqaku.

3. Ukuyila nokubhala

Injongo kukuphuhlisa imifanekiso ntelelekelelo nesakhono sokuyila sabafundi.

Inyathelo loku-1: Kwingxoxo emfutshane yaphambi kokuba kubhalwe (imizuzu emi-2-3)

- Khumbuza abafundi ngamabali afana nalawo bebhale bawafunda.
- Ukuba niBhale kunye noTitshala, phindani niyifunde itekisi eniyivelisileyo kwakhona.
- Bakhumbuze ngomsebenzi wokuphokoza izimvo nangezimvo ezininzi eniye navela nazo.
- Chaza ukuba uza kuqwalasela ntoni xa ufunda okanye ukorekisha umsebenzi (izimvo ezinika umdla, abantu bengqikelelo obasebenzisileyo okanye iindawo ozisebenzisileyo)

Inyathelo lesi-2

- Abafundi bakhetha ezabo izimvo.
- Xa begqibile, bangazoba umfanekiso ohambelana netekisi abayibhalileyo.

4. Iimbono zabafundi

Injongo kukufumana amava abafundi ngokubanika ithuba lokuba babhale ngeveki ephelileyo.

Inyathelo loku-1

- Kwingxoxo emfutshane yaphambi kokuba kubhalwe (imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3) funda imiyalelo yomsebenzi.
- Khumbuza abafundi ukuba xa sibhala iindaba sizibuza le mibuzo: **nini, ngubani, phi, kwenzeke ntoni kwaye bazive njani.**

Inyathelo lesi-2

- Abafundi babelana namaqabane abo ngeendaba besebenzisa amagama akwimibuzo ngeenjongo zokubakhuthaza bathethe.

Inyathelo lesi-3

- Babhala iindaba zabo, besebenzisa ifreyim okanye ifomathi eyeyabo.

Inyathelo lesi-4

- Abafundi bangazoba umfanekiso ohamba neendaba zabo.

Inkqubo yokubhala: Ukuhlela nohlaziyo

Ngoba kutheni? Fundisa abafundi ukuhlela okulula komsebenzi wabo nokujonga ukubhala kwabo njengenkqubo.

Qaphela: Ungalisebenzisa eli xesha ekuhlaziyeni nasiphi na isakhono solwimi okanye sokubhala ogxile kuso, umzekelo, ukusetyeniswa kweempawu zokubhala, oonobumba abakhulu, indlela esakhiwe ngayo isivakalisi nobude baso, indlela eyakhiwe ngayo imihlathi, izigaba zentetho ezithile ezifana nezichazi, izimelabizo nezihlomelo.

Inyathelo loku-1: Khetha umsebenzi wokubhala owenziwa evekini

- Chaza ulwimi okanye iimpawu zetekisi zeveki echongwe kwiNT, umzekelo, iimpawu zokubhala, yongeza ngezichazi, sebenzisa izimelabizo, njl. Gxila kwinto ibe nye ngexesha.

Inyathelo lesi-2: Ukuhlela okanye ukuhlaziywa komsebenzi ngumfundi ngamnye

- Abafundi bafunda ngokusebeza umsebenzi abawubhalileyo baze bachonge naziphi na izinto abafuna ukuzitshintsha. Bamakisha izinto ezitshintshiweyo ngepensile.

Inyathelo lesi-3: Ukuhlela okanye ukuhlaziywa komsebenzi sisibini sabafundi

- Abafundi bafundelana iitekisi zabo ezihleliweyo baze bacebisane ukuba zingaphuculwa njani.

Inyathelo lesi-4: (IBanga lesi-3 kuphela)

- Babhala idrafti entsha yeetekisi zabo kwiincwadi zomsebenzi.

Qaphela: Khokelwa yiINT kuba ayinguwo wonke umsebenzi obhalwayo oza kuhlelwa ze uhlaziye.

Ukwahluka

- Umsebenzi obhalwayo womfundi ngamnye wahlukile kowomnye.
- Ukuxhasa ngobunono umsebenzi ngamnye kunika abafundi ithuba lokubhala kakuhle.
- Ukumakisha kufuneka kwenziwe ngendlela elungileyo ukuze kuqatshelwe izinto ezahlukeyo abaqaqambe kuzo abafundi (jonga apha ngezantsi).
- Izinto ekuhlonyulwa ngazo emva kokubhala kufuneka ibe zezincomayo.
- Bonisa ukubhala kakuhle okanye ufundele iklasi ukuze ikhuthazeke.

Ukuhlolwa kokubhala

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Thatha umsebenzi obhaliweyo kwiveki nganye.
- Kubalulekile ukukorekisha omnye wemisebenzi ebhaliweyo kodwa kweminye ungahlomla nje.
- Makisha ngendlela elungileyo uze uyiguqule ikhrayitheriya ihambelane nohlobo lomsebenzi.

Nika umxholo amanqaku azipesenti ezingama-50%

- Ukuba ubona kufanelekile, jonga ezi zinto:
 - ukubhala ngendlela ebonisa ukulandelelana kakuhle kweziganeko
 - iingcinga ezingathanga saa
 - izimvo ezahlukeyo kumzekelo wakho (mazikhuthazwe)
 - ukukhethwa kwamagama ngendlela enika umdla (izichazi, izihlomelo) izimelabizo ezenza ukubhala kube nomdla nangaphezulu
 - ukulandelelanisa kakuhle iziganeko
 - ukwenza kakuhle imihlathi kusetyenziswa uluvo olungundoqo kumhlathi ngamnye
 - ukuqonda uhlobo lomsebenzi obhalwayo
 - ukucwangcisa kakuhle uhlobo lomsebenzi obhalwayo
 - imizobo emihle, ukuba iyafuneka

Nika ulwimi nopelo amanqaku aziipesenti ezingama-50%

- Xa ubona kufanelekile, jonga:
 - izivakalisi ungawajongi amabinzana
 - lungisa indlela ezakhiwe ngayo izivakalisi
 - iimpawu zokubhala ezifanelekileyo
 - upelo oluchanekileyo lwamagama asetyenziswa rhoqo
 - upelo olusebenzise ulwazi lwezandi
 - ukusetyenziswa kakuhle kwexesha lezenzi
 - ukusetyenziswa kwexesha eifanelekileyo lezenzi elihambelana nomsebenzi obhalwayo
 - ubude bezivakalisi obahlukeyo
 - izihlanganisi

Ukuhlola okusesikweni

Izihloko ezibini zomsebenzi obhalwayo, kunye nesikhokelo sokumakisha, ziyafumaneka kwiINT kwikota nganye. (Kungasetyenziswa nerubhrikhi.) Le ke yimisebenzi ebhalwayo nexhaswayo ethi ibe yinxalenye yomsebenzi wekota kodwa ke inako ukuhlolwa.

IzaKhono zoBomi

Inkqubela-phambili

► IBanga loku-1

- ULwazi olusisiSeko (LS) kunye nokuziPhatha neNtlalo (PN) kudutyaniwe kwizifundo zeLS, nangona imixholo eyahlukileyo inokugxininisa kwinto enye okanye kwezinye. Izihloko ezitsha zisoloko ziqala ngokufunxa ulwazi abanalo abafundi.
- litekisi zokufundela ukufunda zimfutshane kwaye zinemifanekiso ecacileyo ukuze abafundi babenomdla kwaye kukho imisebenzi efanele ukwenziwa qho ngeveki. Kukho ibali elibaliswa ngutitshala kwiveki nganye apho ootitshala babalisayo okanye bachaze nantoni ekufanele ukuba yaziwe ngabafundi ngesihloko. Iifoto nemifanekiso zisetyenziselwa ukwenzela ukuba izihloko zinike umdla.

► IBanga lesi-2

- Umxholo ngamnye omtsha uqala ze uphele ngomsebenzi wento esiYaziyo, into esiFuna ukuyazi nento esiyiFundileyo (YFF) ukuze kufunxwe ulwazi abanalo abafundi ze kufunyaniswe nento abafuna ukuyifunda. KwiBanga lesi-2 oku kwenziwa ngomlomo okanye ngeorali ze kubhalwe ebhodini ngutitshala.
- Emva koko kulandela amaphepha okufundela ukufunda anika ulwazi olumalunga nomxholo nemisebenzi egxile kwizakhono zokuphanda nezokucwaninga.
- IPN idityaniswe kwiLitheresi ngezifundo zokuPhulaphula nokuThetha.
- Ekupheleni komxholo, itshathi yeYFF iyagqityezelwa ebhodini.
- Kumxholo ngamnye kukho iphepha elithi Fumanisa elinemibuzo yophando oluza kwenziwa ngabafundi emakhaya.

► IBanga lesi-3

- Umxholo ngamnye omtsha uqala ngetekisi efundwa ngokuvakalayo ngeenjongo zokwazisa nokuchaza isihloko. Utitshala emva koku uye agqithele kumsebenzi weYFF khonukuze afumane ulwazi esele benalo abafundi. Oku ke kwenziwa ngomlomo aze utitshala akubhale ebhodini baze abafundi babhale ezincwadini zabo zomsebenzi.
- Emva koku kulandela amaphepha okufundela ukufunda anomxholo nemisebenzi egxile ekuphuhliseni izakhono zokucwaninga. IPN idityaniswe kwimixholo.
- litekisi ezininzi zeLitheresi ziziteki eziyinyani kulo nyaka kwaye oku kwandisa ulwazi lwabafundi olumalunga nomxholo. Iindidi ezahlukileyo zolwazi, ezifana nokubhala i-ekhsperimenti okanye ukubeka isilwanyana kudidi oluthile lwezilwanyana ziyafundiswa xa kubhalwa kwaye zihambelana nesihloko soLS.
- Imiba ebalulekileyo kunye nesigama esifundwa kumxholo ngamnye zivavanywa ngemisebenzi encomayo (ngokubonisa ngokumisa ubhontsi) naleyo ingancomiyo (eboniswa ngokujongisa ezantsi ubhontsi).
- Umxholo uyandiswa ngeetekisi zokufunda ezine ezinemifanekiso ehambelana nesihloko kodwa ke awuvavanywa.

IZIFUNDO ZOLWAZI OLUSISISEKO (LS)



Injongo

Ulwazi olusisiseko luzala ukufundwa kweNzululwazi yezeNtlalo (EzeMbali neJografi), iNzululwazi yezeNdalo kunye neTeknoloji kumabanga aphezulu futhi iphucula ukusebenzisana komfundi nelizwe aphila kulo. Ngexesha lesifundo soLS abafundi baza:

- kuphuhlisa ukuvezwa kobugcisa, ukucinga nzulu, ukunxibelelana nokusebenzisana
- kuphuhlisa imiba ethile nezakhono, ingakumbi izakhono zokubuza nokucwaninga
- kufaka isandla ekufundeni ngengqiqo ngokwandisa ulwazi kunye nesigama

Izakhono ezifundiswayo

Izakhono zokubuza

- **Qwalasela:** Qwalasela umbala, imilo, ubungakanani, ukuguda noburhabaxa, ukufana, umahluko.
- **Thelekisa:** Ingaba izinto zifana okanye zahluke ngantoni? Cinga ngombala, imilo, ubungakanani, uburhabaxa nokuguda, ubudala nomsebenzi wento.
- **Hlela:** Beka izinto ngokweendidi ujonge iimpawu ezifana ngazo.
- **Thatha imilinganiselo/Meta:** Ubungakanani, umthamo, ukukhula, ubude obubheka phezulu, ubunzima, ubude, iqondo lobushushu.
- **Yenza i-ekhsperimenti:** Yenza i-ekhsperimenti yokuvavanya ukuqikelela kwethu. Ukuqwalasela nokurekhodisha oko kwenzekileyo kubaluleke kakhulu.
- **Phanda:** Khuthaza abafundi ukuba baphande ngokubuza abanye abantu imibuzo, ngokufunda nangokuqwalasela.
- **Nxibelelana:** Rekodisha, chaza, cacisa ngokuthetha, ngokuzoba, ngokubhala, ngeegrafu, ngemizobo, ngokulinganisa.

Izakhono zokucwaninga/zokujonga inkqubo

Xa abafundi besenza into ethile, bancedise ukuba bamilisele iingqondo zabo **kwinkqubo** yaloo nto bayenzayo nakwisiphumo esiza kuvela.

- **Ingxaki/imfuno/ukunqwenela into ethile:** Yintoni esifunayo? Singayisombulula njani ingxaki?
- **Uphando (fumanisa):** Ziziphi izixhobo esinokuzisebenzisa? Yintoni enokwenziwa?
- **Yila:** Cwangcisa uze uzobe into oza kuyenza.
- **Yenza:** iglu, sika, ncamathisela, qengqa, njl.
- **Vavanya:** Ingaba imveliso iyahambelana nenjongo? Ziziphi iinguqulelo ezinokuyenza ngcono?

Ukulungiselela uLwazi olusisiSeko

Ikharityhulam idwelise izihloko nemixholo yebanga ngalinye. Ezi zihloko zisisishwankathelo nje somxholo oza kwakha ulwazi olusisiseko lwabafundi.

- Isihloko ngasinye simele ulwazi xa lulonke.
- Iiyure ezimbalwa zophando olwenziwa kwi-intanethi, kusetyenziswa ii-*encyclopedia*, izichazi-magama, ulwazi lwabantu esisebenza nabo kunye nabanye oovimba bolwazi ziza kwandisa ulwazi lukatitshala lube nzulu ngakumbi. Akunyanzelekanga ukuba ufundise yonke into oyifundileyo kodwa ulwazi olongezelekileyo luza kutyebisa indlela ofundisa ngayo.
- Ulwazi olongezelekileyo luxhobisa ootitshala ukuze bakwazi ukuphendula imibuzo baqonde ukuba kutheni isihloko sibalulekile.
- **Inyathelo loku-1:** Funda amaphepha oLwazi olusisiSeko kwiNYY yakwaFunda Wande nakwiNT ukuze ufumane umxholo uwonke phambi kokuba uqalise ukufundisa ngesihloko. Oku kuyakukunika umfanekiso opheleleyo wento esele yenziwe nokuba zilandelelana njani izfundo zayo. Thelekisa oku ke kunye nencwadi yemisebenzi yeRainbow uze ujonge indlela ezinokuxhasana ngayo.
- **Inyathelo lesi-2:** Kubalulekile ke ukuzibuza le mibuzo phambi kokuqalisa ngesihloko:
 - Kutheni kubalulekile ukuba abafundi bam bafunde ngesi sihloko?
 - Ndingasenza njani sibafanele futhi sibe lulutho kubafundi bam esi sihloko?
 - Yiyiphi eyona miba neenyani ezibalulekileyo endinqwenela ukuba bazazi abafundi ekupheleni kokufunda kwabo okutsha?
 - Ziziphi izakhono endinokuzifundisa xa ndisebenzisa esi sihloko? (umzekelo, ukuhlela, ukulinga, njl)
 - Ingaba ndingakwazi ukusenza sibenomdla ngakumbi esi sihloko ngezinto ezithile, ngeepowusta, ngetafile enezinto ezenza umdla okanye ngeencwadi?
 - Ndingabancedisa njani abafundi baphande kakhulu ngesi sihloko?

IZIFUNDO ZOKUZIPHATHA NENTLALO (PN)



Injongo

Eli candelo liza kunceda abafundi ukuba babe negalelo elilungileyo eklasini, kusapho, ekuhlaleni nakuluntu futhi bakwazi ukusebenzisa izinto eziyimfundiso ezikuMgaqo-Siseko, eziquka ukunyamezela nokubandakanya abantu bonke. Ngezifundo zokuziphatha nentlalo (PN) abafundi baza:

- kufunda ukuzikhathalela baze bakhathalele nempilo yabo emalunga nentlalo kunye neemvakalelo
- kuqonda indlela yokuphathana nabanye abantu ngendlela elungileyo

Ukulungiselela isifundo sokuziphatha nentlalo (PN)

- Jonga amathuba okudibanisa ukufundiswa kokuziphatha neNtlalo nezihloko zoLwazi olusisiSeko.
- Kufuneka ke usebenzise amathuba okufundisa azivelelelayo eklasini okanye ekuhlaleni. Fundisa uxhathise ngezinto ezenza ixhala kubafundi kwakunye neencoko ezingekho sesikweni okanye kwiiNtlanganiso zakusasa.
- Eklasini sebenzisa imisebenzi yokuphumla nokuqonda xa uxinzelelo lukwiqondo eliphezulu.
- Bakhuthaze abafundi ukuba bathathe inxaxheba futhi bazimisele kwimisebenzi yezemiThambo neyobuGcisa obeNziwayo.
- Chaza umsebenzi weqela uze usebenzise umsebenzi weqela rhoqo kangangoko unako
- Bonisa ubuntu futhi ubakhuthaze abafundi benze ubuntu, babaphulaphule abanye, kuzo zonke izifundo.
- Ngokwalo mxholo, fundisa abafundi:
 - ukuba bazigcine bona nemizimba yabo bekhuselekile besempilweni
 - bakuqonde ukuxhatshazwa baze bazi iindawo abanokufumana kuzo uncedo (kubalulekile ke ukuba ukhangele ezi ndawo kwindawo ohalala kuyo)
 - ukuphathana nabahlobo ngendlela elungileyo, kufuneka babe nobubele basebenze njengeqela
 - basombulule iingxaki ngokuthetha nokuphulaphula ngaphandle kobundlobongela
 - bakhusele abantu ababuthathaka, abaphila nokukhubazeka, abaselula kakhulu, umzekelo, ngokuxela xa bexhatshazwa okanye beqhubiswa okanye benxwalwa
 - mabakhathalele bakhusele izilwanyana ezingamaqabane nezinye izilwanyana
 - mabakhusele indawo esingqongileyo baze bafunde indlela yokuhlangabezana nenkunkuma

Iindlela zokufundisa

Izakhono zokufundisa ukufunda

Ngoba kutheni? Kukuphuhlisa izakhono zokufundela ukufunda ukuze bakwazi ukufunda iincwadi zezinye izifundo neetekisi eziyinyani; ukuphuhlisa ulwazi lwendlela iitekisi eziyinyani ezakhiwe ngayo nezinto ezifumaneka kuzo ezifana neetheyibhile; ukuphuhlisa izakhono zokugqithisa ulwazi.

Inyathelo loku-1: Ulwazi lwangaphambili

- Xa kuFundwa kunye noTitshala, funda isihloko uze uzame ukubaqhelanisa nesihloko abafundi.
- Fumanisa ukuba yintoni esele beyazi malunga nesihloko (ngomlomo).

Inyathelo lesi-2: Ulwazi olutsha

- Babonise ifomathi yetekisi okanye indlela eyakhiwe ngayo itekisi, umzekelo, itheyibhile, umzobo weVenn, i-ekhsperiment, umzobo onengcaciso, uthelekiso, imihlati enezihlokwana, iifoto ezineengcaciso.
- Fundela abafundi itekisi ngokucotha, ucacise amagama amatsha ngokwendlela asetyenziswe ngayo.
- Qinisekisa ukuba abafundi bayaliqonda **iqama ngalinye** kuba baza kuvavanywa.

Inyathelo lesi-3: Emva kokufunda

- Babuze abafundi ukuba bafunde ntoni. Yamkela iimpendulo zabo ezahlukileyo kodwa ke ubakhokelele kwawona manqaku abalulekileyo.

Izifundo zokufumanisa okuthile (IBanga lesi-2)

Ngoba kutheni? Kuphuhlisa izakhono ezilula zophando; ukukhuthaza amakhaya ukuba athathe inxaxheba kwizinto ezimalunga nesikolo.

Inyathelo loku-1: Funda uze uxoxe

- Jonga umfanekiso okwiNYY kwiphepha lokufumanisa okuthile.
- Abafundi bancokola ngezinto abacinga ukuba eli phepha liyazibonisa. Bayaphinda bachaze into abayaziyo ngesihloko.
- Funda itekisi kunye nombuzo.
- Abafundi baya emakhaya nombuzo khonukuze bafumane iimpendulo bencediswa ziintsapho zabo okanye ngabazali babo.

Inyathelo lesi-2: Ukunika ingxelo

- Ekupheleni kweveki, yiba nexesha lokunika ingxelo ngomlomo. Usenokufuna ukuzibhala ebhodini ezinye izivakalisi njengokuba abafundi bekunika iimpendulo.
- Abafundi babhala oko bakufundileyo.

Izifundo zeYFF (IBanga lesi-2 neBanga lesi-3)

Ngoba kutheni? Kukuncedisa abafundi bakhulise ulwazi lwabo ngokudibanisa ulwazi olutsha nolwazi esele benalo; ukubanika ithuba lokuqulunqa eyabo imibuzo baze bakhangele iimpendulo; ukukhuthaza abafundi bakwazi ukucamngca ngezinto abazifundileyo.

Inyathelo loku-1: Khuphela itshathi yeYFF ekwiNYY ebhodini

Yisebenzise le tshathi ikwiNYY njegokuba ubonisiwe apha ngezantsi. Qaphela ukuba iingcebiso malunga nokubuza kufuneka zaziwe ngutitshala kuphela.

Inyathelo lesi-2: Cinga-Ukusebenza ngababini-Ukwabelana

Into esiYaziyo

- **Cinga:** Abafundi mabazicingele izinto abacinga ukuba sele bezazi malunga nesihloko.
- **Ukusebenza ngababini:** Abafundi baxoxa kunye malunga nezinto esele bezazi.
- **Ukwabelana:** Abafundi abathile bachazela iklasi (nika ithuba wonke umntu njengokuba iqhuba ikota).
- Utitshala urekhoda ezinye zeembono ezikumqolo woku-1 wetshathi yeYFF.

Into esiFuna ukuyazi

- **Cinga:** Abafundi mabazicingele izinto abacinga ukuba bafuna ukuzifunda.
- **Ukusebenza ngababini:** Abafundi baxoxa kunye.
- **Ukwabelana:** Abafundi abathile bachazela iklasi (nika umntu ngamnye ithuba njengokuba iqhuba ikota).
- Utitshala urekhodisha iimbono ezithile kwirowu yesibini kwitshathi esebhodini yeYFF.

Inyathelo lesi-3: Ukubhala (IBanga lesi-3 kuphela)

- Abafundi bakhetha into ibe nye kwirowu ezimbini zokuqala baze bayibhale kwincwadi zabo zomsebenzi.

Inyathelo lesi-4: Into esiyiFundileyo

- Buza imibuzo ngomlomo okanye yeorali:
- Sifunde ntoni kule veki?
 - Ingaba siyifumanisile into ebesifuna ukuyazi?
 - Yintoni ofuna ukuyifumanisa kwiveki ezayo?
 - **IBanga lesi-2:** Bhala into enye okanye ezimbini ozifundileyo ebhodini.
 - **IBanga lesi-3:** Ncedisa abafundi babhale iimpendulo zabo etshathini.

Into esiYaziyo		Bhala phantsi into eyaziwa ngabafundi. Abafundi bakhetha inqaku libe linge abaza kulikopela kwitshathi yeYFF ekwiNYY.
Into esiFuna ukuyazi		Bhala phantsi imibuzo yabafundi apha. Bakhetha inqaku elinge abaza kulikopela kwitshathi yeKWL.
Into esiyiFundileyo		Yenze ngexesha lokunika ingxelo ngoLwesine. Abafundi babhala inqaku elinge ubuncinane

Izifundo zokumisa ubhontsi/zokuwujongisa ezantsi (yimibuzo yokujonga iMiba) (IBanga lesi-3 kuphela)

Ngoba kutheni? Kukwandisa ulwazi lwabafundi lwemiba ephambili/lwesigama; kukuhlola ukuqonda kwabafundi imiba ephambili/isigama xa uphela umxholo.

Umsebenzi

- **Inyathelo loku-1:** Khetha imiba ebalulekileyo ibe mithathu/isigama esimalunga nesihloko. Bhala into nganye kunotsheluzi okanye ebhodini (umzekelo, *isifuba, isisu, intloko*).
- **Inyathelo lesi-2:** Phakamisa unotsheluzi/khomba igama, uze ubacele abafundi balifunde ngokuvakalayo.
- **Inyathelo lesi-3:** Yenza iinkcazelo ezintathu ezimalunga nomba othile, umzekelo, “*Amaphiko amile kwintloko yesinambuzane*.
 - Cela abafundi ukuba bamise oobhontsi bajonge phezulu ukuba inkcazelo iyinyani baze babajongise ezantsi oobhontsi ukuba inkcazelo iyaxoka.
 - Yiphindaphinde ke le nto kwemibini elandelayo imiba.

Ukunxulumanisa nesiNgesi (IBanga lesi-3 kuphela)

Ngoba kutheni? Kukwenza abafundi balungele ukufunda iincwadi zezinye izifundo ezibhalwe ngesiNgesi kwiBanga lesi-4; ukuphuhlisa ilitheresi yesiNgesi, emalunga nemfundo kubafundi.

Umsebenzi

- **Inyathelo loku-1:** Phakamisa unotsheluzi ngamnye, okanye khomba amagama asetyenziswe kubhontsi omisiweyo/kubhontsi ojongiswe ezantsi.
- **Inyathelo lesi-2:** Babuze abafundi ukuba ingaba bayawazi na amagama ngesiNgesi; bancedise ke bawasebenzise kwizivakalisi la magama.
- **Inyathelo lesi-3:** Bhala amagama esiNgesi koonotsheluzi okanye ebhodini. Oonotsheluzi ungabaxhoma kudonga loLwimi oloNgezelelweyo lwesiNgesi.
- **Inyathelo lesi-4:** Abafundi bakhuphela amagama kwizichazi-magama zabo/kwiincwadi zesigama ecaleni kwegama ngalinye loLwimi lwaseKhaya (isiXhosa).

Ukwahluka

KwizaKhono zoBomi, bonke abafundi baza kufunda umxholo nezakhono ngokuthatha inxaxheba kule nkqubo. Nangona kunjalo, akhona amathuba kubafundi abanako ukuba benze ngaphezulu kunoku kwaye kufuneka bakhuthazwe.

- Imisebenzi yeYFF ekhangela ukuba bafuna ukufunda ntoni abafundi nezinto abazifumanisileyo, inika abafundi ithuba lokwenza uphando nokubhala.
- Amaphepha okufumanisa okuthile wona anika ithuba lokuziphandela komfundi ngamnye nokunika ingxelo yomlomo.
- Amaphepha omsebenzi owenziwa ngumfundi ngamnye aza kwandisa ukufunda futhi ancedise abafundi bakwazi ukuphendula ngendlela ezinobugcisa xa bephendula malunga nezihloko ezitsha.

Ukuhlolwa kwezifundo zoLwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlo

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Zithathe qho neveki iiNYY ukuze ujonge ukuba umfundi ngamnye uwugqibile na umsebenzi kwaye akukho mntu ushiyeka ngasemva.
- Ekupheleni komxholo, jonga itshathi yeYFF.
- Kwakhona ekupheleni komxholo ngamnye, sebenzisa indlela ekhawulezayo, yeklassi yonke, yokujonga ukuba imiba ebalulekileyo iqondiwe na.
- Phinda ufundise umba othile xa ubona kukho imfuneko.

Ukuhlola okusesikweni

Ngoba kutheni? Kukuvavanya ukuba ikhona na inkqubela-phambili kulwazi nezakhono.

Ulwazi kunye nezakhono luvavanywa kabini ngekota. Imisebenzi yokuhlolwa idityanisiwe kwinkqubo yakwaFunda Wande. Le misebenzi inikiwe kunye nesikhokelo sokumakisha esikwiNcwadi kaTitshala sekota nganye.

IZIFUNDO ZOBUGCISA OBUBONWAYO



Injongo

- Kukuphuhlisa izakhono zokuqonda nezokusebenzisa izihlunu ezincinci.
- Ukuba nobuchule obugqwesileyo bokuqonda ubugcisa: ukupeyinta, ukuzoba, ukwenza ikholaji, ukwakha, ukuyila.
- Ukuphuhlisa izakhono zokucwaninga njengokuba zigqitywa iiprojekthi.
- Ukuncedisana nokukhula kobugcisa nomfanekiso-ntelekelelo.
- Ukuqonda iindlela ezahlukeyo zokujonga ilizwe.
- Ukubumba nokucoma ubugcisa obubonwayo.

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** Imisebenzi yobuGcisa obuBonwayo ichazwe kwiNT. Umsebenzi we-2D ugxile ekuchongeni nasekubizeni imibala kunye neemilo, ekuphuhliseni ukulawulwa kwezihlunu ezincinci, ukubeka izinto ezingu-2D, nokuphuhlisa izakhono zokuzoba, ukusika, ukukrazula, ukuncamathisela, ukugximfiza nezokusonga ngeenjongo zokuphuhlisa ukuqonda. Yonke imisebenzi ihambelana nomxholo kwaye ibaluleke kakhulu ekuphuhliseni ukuqonda.

► **IBanga lesi-2** Imisebenzi yobuGcisa obuBonwayo icacisiwe kwiNT. Le misebenzi yandisa amava abafundi kwezobugcisa ngokuthi ibanike ithuba lokulinga ukusebenzisa imiba emalunga nesithuba, uburhabaxa/ukuguda kunye nomgca. Abafundi baza kwenza izinto ezingu-2D ngezinto ezahlukeyo, ezifana nepensile, ikhrayoni nepeyinti, besebenzisa izakhono abazifunde kwiBanga loku-1. Ukusetyenziswa kwewax nokugximfiza kuyenziwa nako. Abafundi baphinda bakhe izinto ezingu-3D ngodongwe, ngepapier mache okanye basebenzise izinto ezilahliweyo.

► **IBanga lesi-3** KwiNYY kukho iphepha lobuGcisa obuBonwayo qho kwiiveki yesibini. Zitshintshana ke ngezakhono zokufundisa kunye nokuxabisa ubugcisa. Amaphepha okufundisa afundisa imiba ethile kunye nesigama esithetha ngemiba yobugcisa obubonwayo, efana nembono, ukuyila nepatheni. Iphepha lokuxabisa ubugcisa liphepha elibonisa iGaleri yobuGcisa elinefoto yomsebenzi owaziwayo waseMzantsi Afrika okanye welizwe lonke oza kuhlalutywa. Imisebenzi yobuGcisa obuBonwayo idla ngokwenziwa kwizifundo ezithathu kwiBanga lesi-3 kwaye iquka ukwakhiwa kwezinto ezingu-2D nezingu-3D kusetyenziswa izixhobo ezininzi ezahlukeyo. Inkqubo yokwenza oku ibaluleke njengento eza kuveliswa.

Ukulungiselela isifundo

Izixhobo zobugcisa ezingundoqo

- Ezinye izikolo ziye zibacele abafundi ukuba beze neebhokisi zabo ezincinci zeekhrayoni zewax, iglu, nesikere esinempulo ebuthuntu. Ezi zinto mazibhalwe igama lomnikazi wazo ze zigcinwe kakuhle.
- Ungapakisha ipekhi yezixhobo zikatitshala ezinokubolekwa ngabafundi abangenazixhobo zokusebenza kwisifundo sobuGcisa obuBonwayo.
- Kuza kufuneka ukuba isikolo sikhuphe amaphepha okanye amakhadibhodi. Amaphepha amadala anokusetyenziswa. Amaphepha angu-A4 okanye ikhadibhodi anga-odwa abe maninzi.
- Izikolo ezininzi zithenga izixhobo ezingundoqo ezisetyenziswa ngabafundi ngexesha lobuGcisa obuBonwayo. Ezi ke ziquka iipensile, iikhrayoni, iglu nezikere. Ikhoki ezimnyama zingaluncedo.

Ezinye izixhobo zobugcisa

- Qokelela izinto ezilahliweyo ze ucele abafundi nabo bakuncedise.
 - Qokelelani iikhadibhodi ezicocekileyo ezingenanto neetrey zeStyrofoam ezinobukhulu obahlukeyo, iiroli ebezinephepha langasese nezixhobo zokupakisha izinto ezingu-3D eziza kwakhiwa.
 - Amaphephandaba amadala aluncedo ekwenzeni ikholaji

- Zenze mbaca iibhokisi, hlelani izixhobo nizigcine kakuhle kwiingxowa ezivalwayo
- Izinto eziza kwakhiwa ngekhadibhodi, kuza kufuneka ube namaplanga awomeleleyo neteyiphu
- **Iipeyinti** kufuneka zikhutshwe sisikolo. Ipeyinti yeepowusta okanye ipeyinti ephuma ingumgubo yeyona ilungele abantwana abaselula. Kufuneka ixutyelwe kwizikhongozeli zeplastikhi.
- Iibhrashi kufuneka zibe nkulu zomelele. Kufuneka unebhrashi enye yombala wepeyinti ngamnye.
- Ipeyinti yemisebenzi yokugximfiza kufuneka igalelwe kwiisosi okanye kwizikhongozeli ze*Styrofoam*.
- Kungasetyenziswa intlama yokudlala, udongwe, *iplasticine*, *ipapier mache* okanye udaka xa kuboniswa indlela yokwenza le misebenzi. (Iiresiphi ezilula zokwenza intlama yokudlala ne*papier mache* ziyafumaneka kwi-intanethi.)
- Ezinye izixhobo ziza kufuneka kwezinye iiprojekhthi, umzekelo, uboya, (amathupha emithi), iipeyiti zephapha (iimaskhi), iziqwengana zamalaphu (ikholaji), intambo (izinto ezinokushukunyiswa), iihengari (izinto ezinokushukunyiswa), *iipaste*, amalahlwe, njl.

Ukubekwa kwindawo oza kubonwa kuyo

- Beka imifanekiso emihle ezotywayo kwindawo eza kubonwa ngumntu wonke eklasini. Iikhalenda ezindala zingaluncedo kuba ziba nemifanekiso.
- Beka umsebenzi ogqityiweyo apho uza kubonwa khona ze uleyibhelishwe ngamagama abo.

Iindlela zokufundisa

Inyathelo loku-1

- Qho jonga izixhobo ngosuku oluphambi kwesifundo
- Zifake kwiibhokisi zezihlangu, zilungele iqela ngalinye. Ezi ke ziquka iphephandaba lokogquma idesika
- Veza into esele igqityiwe ubonise abafundi, umzekelo, imaskhi egqityiweyo

Inyathelo lesi-2

- Chaza ngenyameko iiprojekhthi phambi kokuqalisa. Bonisa abafundi iiprojekhthi esele igqityiwe.

Inyathelo lesi-3

- Ukuba zinqongophele izixhobo, sebenzani kwizitishi zemisebenzi iintsuku ezimbini nangaphezulu, umzekelo:
 - Isitishi somsebenzi soku-1: Zoba isilo-qabane sakho (ipensile nephepha)
 - Isitishi somsebenzi sesi-2: Faka umbala kwikati ze uyisike kakhuhle (iikhrayoni, izikere, kunye nomzobo wekati oyimigca kuphela)
 - Isitishi somsebenzi sesi-3: Zoba ngepeyintiinja ebaleka ebaleni (iphepha, ipeyinti neebhrashi)
 - Isitishi somsebenzi sesi-4: Niliqela, yenzani indlu yesilo-qabane (ikhadibhodi, iteyiphu, iglu)
- Jikeleza ujonge ukuba ingaba wonke umntu uyazama na.
- Bavumele abafundi ukuba bathethele phantsi ngexesha besenza umsebenzi wezobugcisa.
- Bacebise ngobunono, ulumke ungabagxeki. Ncokola nabo ngomsebenzi wabo.

Inyathelo lesi-4

- Banike ixesha eliyimizuzu emi-5 baqoqoshe phambi kokuphela kwesifundo.

Ukwahluka

KubuGcisa obuBonwayo kubakho umahluko ngokobuchule babafundi.

- Phawula ngengcinga nendlela yokwenza nokukhathalela umsebenzi wobugcisa.
- Zama ukugxila kwinkqubo nokuzonwabisa kunokuba ugxile kwisiphumo.

Ukuhlolwa koBugcisa obuBonwayo

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Qwalasela ukuba wonke ubani uthabatha inxaxheba kwaye uyasonwabela na isifundo.
- Qaphela ukuba ngabaphi na abafundi abangamagcisa ngendalo, ingabaphi abadinga ukukhuthazwa.

Ukuhlola okusesikweni

Ngoba kutheni? Ukujonga inkqubela yabafundi kwizakhono zobuGcisa obuBonwayo.

Izakhono zihlolwa kanye ngeKota. Imisebenzi yokuhlola ecetyetyiswayo ikwi-NT yekota nganye.

IZIFUNDO ZOBUGCISA OBENZIWAYO



Injongo

- Kukuqwalasela ubuchule bokudanisa/xhentsa, ukucula, ukulinganisa nobokusebenza.
- Ukuxhasa ubugcisa nokuphuhlisa umfanekiso ntelekelelo.
- Kuphuhlisa ukuzithemba nesakhono sokwenza intetho.
- Kudala ukuxabiseka kokwenziwa kobugcisa.

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** Abafundi basebenzisa iingoma eziqhelekileyo, benza izicengcelezo ezinentshukumo, bajayivela umculo baze balinganise iimeko eziqhelekileyo. Baphinda babalise ibali baze benze imixhentso. Basebenza beyiklasi okanye bengamaqela.

► **IBanga lesi-2** Abafundi bacula benzela iklasi iingoma, imibongo, bayalinganisa okanye bayacengceleza bengamaqela. Izakhono zokusebenza ziyafundiswa. Ukucula, ukudanisa/xhentsa neentshukumo kunendlela ethile ekwenziwa ngayo, izakhono zandisiwe kwaye abafundi basebenzisa imifanekiso-ntelekelelo yabo, ingakumbi xa belinganisa. Baqwalasela iindidi ezahlukileyo zomculo baze basebenzise izixhobo zomculo ezenziwe emakhaya.

► **IBanga lesi-3** Abafundi basebenza beyiklasi futhi bengamaqela, benza imisebenzi yokulinganisa bengamaqela kodwa benza imibongo baze bathethe ngabanye neklasi. Bayaqhubeka ke nokufunda izakhono zokwenza intetho, izakhono zokudanisa neendlela ezintsha zokucula emaqeleni. Bafunda nokusebenza ngeefomathi zemidlalo esesikweni benze nemidlalo yeqonga ngamanye amaxesha besebenzisa iimaskhi.

Ukulungiselela isifundo

- Zama ukufumana ingqokelela yeepropu zokulinganisa eziseklasini, ezifana nezikhafu ezidala, iminqwazi nomboko wokuthetha.
- Sebenzisa izixhobo zomculo ezenziwe ekhaya okanye ezo zilahliweyo.
- Sebenzisa isidlali-macwecwe okanye uzame ispeker oza kusisebenzisa nefoni yakho
- Qiniseka ukuba likhona igumbi onokulisebenzisa. Susa iitafle, ningaya phandle, ningasebenzisa neholo lesikolo

Iindlela zokufundisa

Umsebenzi waseklasini

- **Inyathelo loku-1:** Cacisa nawuphina umsebenzi phambi kokuba abafundi bawenze okanye baye kumaqela abo.
- **Inyathelo lesi-2:** Yiba nento oza kuyisebenzisa xa ufuna banqumame ze baqalise umsebenzi, umzekelo, ingoma okanye iinothsi kwisixhobo somculo.
- **Inyathelo lesi-3:** Qala ngomsebenzi weklasi wokuzishushubeza, umzekelo, *Hamba ngokuthe cwaka okwekati, hamba okwesigebenga*.
- **Inyathelo lesi-4:** Yenza umsebenzi. Sebenzani niyiklasi khonukuze nikhuthazane. Zamani ukumana nitshintsha umsebenzi weklasi ibe ngumsebenzi wamaqela amakhulu okanye amancinci ngeenjongo zokukhuthaza intsebenziswano.
- **Inyathelo lesi-5:** Gqibezelani ngokwenza umsebenzi wokuzipholisa, umzekelo, *Lala phantsi uze uphefumle kakhulu, hambani ngonyawo lonwabu, shukumisa iingalo zakho*.

Ukwenza intetho

- Eminye imisebenzi iza kufuna ukuba kwenziwe intetho.
- Kubaluleke kakhulu ke ukufumana ixesha lokulungiselela intetho yeqela okanye eyomfundi ngamnye, njengokuba kubaluleke nokwenza lo msebenzi.
- Qinisekisa ukuba abafundi bayonwaba ngeli xesha futhi bafunda ngezakhono zenkqubo.
- Ukwenza intetho kunokwenziwa nakwezinye izifundo ezininzi.
- Fundisa ngendlela ecacileyo nasiphi isakhono esingafumaneki lula, oko kukuthi, ukuma ngokuzithemba, ukujonga abantu xa uthetha, indlela olikhupha ngayo ilizwi lakho, ukujonga abantu othetha kubo, indlela yokuqala intetho yakho, njl.

Qaphela:

- Ziqhelaniseni nayo yonke imiba yokwenziwa kobugcisa apha ekuhambeni kwekota nilandela iNcwadi kaTitshala: **ingoma, ukudanisa, iintshukumo, ukulinganisa, ukubalisa amabali, ukucengceleza, ukwenza intetho.**
- Zama ukudibanisa namava abafundi, iimvakalelo zabo, iziva-mvo zabo nezinto oye waziqwalsela kubo xa ikhona indlela.
- Sebenzisa **imidlalo yobugcisa** ngeenjongo zokufundisa nokuziqhelanisa nezakhono ezitsha, umzekelo, ukudlala impuku nehati; ukulinganisa indawo ethile yebali baze abanye baqashele ukuba yiyiphi loo ndawo, ukudlala oqashiqashi, njl.
- Zama ukusebenzisa **iindlela zokuphucula** khonukuze ukhuthaze abafundi kubugcisa nokukwazi ukuqala izinto ezintsha, umzekelo, “Ndibonise indlela oziva ngayo ngokusebenzisa kuphela ubuso/umzimba wakho.” *Linganisa imeko ethile ehlekisayo, njl.*
- Bengamaqela abafundi, mabalinganise okanye baphinde babalise amabali afundwe ngexesha lokuFunda ngokuVakalayo okanye ngexesha lokuFunda kunye noTitshala.
- Culani iivesi ezimnandi zamaculo ningamaqela nize niqhubeke ngezi zakhono zokucula ninikana amathuba okanye iindawana kwezi vesi.
- Sebenzisa iimeko abaphila kuzo neenkcubeko zabafundi khonukuze iqheleke kubo le misebenzi futhi ifaneleke.

Ukwahluka

- Abafundi abaneentloni baya kufumanisa kuluncedo ukusebenza beyiklasi okanye ngababini okanye ngamaqela xa kusenziwa intetho.
- Eli ke ingalithuba lokuba ubancome abafundi abangabalaselanga kumsebenzi wabo wemfundo.
- Gxila kakhulu kwinkqubo, kulonwabo nasekuphuhliseni ukuzithemba kunokugxila kwisiphumo salo msebenzi.

Ukuhlolwa kobuGcisa obeNziwayo

Ukuhlola okungekho sesikweni

- Jonga ukuba wonke umntu uthatha inxaxheba futhi usonwabele isifundo.
- Qaphela ukuba ngabaphi abafundi abadalelwe ukuba benze umsebenzi ngokuzithemba ze ibe ngabaphi abafuna ukukhuthazwa ukuze bazithemba.

Ukuhlola okusesikweni

Ngoba kutheni? Ukujonga inkqubela-phambili yabafundi kwizakhono zobuGcisa obeNziwayo futhi bazithemba kakhulu kunangaphambili.

Izakhono ziyahlolwa kanye ngekota. Imisebenzi yokuhlola ekucetyiswa yenziwe, idityaniswa kwinkqubo yakwaFW. Ifakwe ke kunye nesikhokelo sokukorekisha kwiNT kwikota nganye.

IZIFUNDO ZEMITHAMBO



Injongo

- Kukuphuhlisa izakhono zokusebenzisa izihlunu ezincinci nezikhulu kubafundi nokuphuhlisa isakhono sabo sokuqonda.
- Ukuphuhlisa izakhono zomzimba ezifana nokusebenzisana kwamehlo namanye amalungu omzimba, isingqi, ukulungelelanisa umzimba, amacala.
- Ukusebenzisa umdlalo, intshukumo, imidlalo edlalwa endlini naleyo idlalwa emabaleneni emidlalo, ngeenjongo zokufaka isandla kwintsebenziswano yamaqela.
- Ukwakha indlela elungileyo yokucinga.
- kukudala isiseko sokuthatha inxaxheba kwimidlalo.
- Ukufaka isandla ekukhuleni komntwana ngokupheleleyo (ngokwentlalo, ngokweemvakalelo nobuyena).
- Ukukhulisa umzimba omhle.

Inkqubela-phambili

► **IBanga loku-1** Faka imisebenzi eqondene nomzimba ukwenzela ukuba kwenziwe yona phakathi kwezifundo, umzekelo, ukudlalwa komdlalo othi, *uSimon uthi* okanye ukuqhwaba okunesingqi. Kwizifundo, abafundi basebenza kumaqela amane amakhulu kwizitishi zemisebenzi. Zonke ke izakhono zomzimba ezikwikharithulam ziyaphuhliswa.

► **IBanga lesi-2** Abafundi basebenza kumaqela amane amakhulu kwizitishi zemisebenzi. Zonke izakhono zomzimba ezikwikharithulam ziyaphuhliswa.

► **IBanga lesi-3** Abafundi basebenza kumaqela amane amakhulu kwizitishi zemisebenzi. Zonke izakhono zomzimba ezikwikharithulam ziyaphuhliswa.

Ukulungiselela isifundo

Abafundi kufuneka befumene umsebenzi oqondene nemizimba yabo. Akufuneki ke ukuba ungayenzi imisebenzi yezemiThambo nokuba awunazo izixhobo. EzemiThambo zinokwenziwa yiklasi yonke okanye ngamaqela, ngaphakathi eklasini okanye ngaphandle.

Inyathelo loku-1: Lungisa **umsebenzi wokuzishushubeza othambileyo** phambi komsebenzi oqondene nomzimba khonukuze uqinisekise ukuba izihlunu zabafundi azizukufumana bunzima:

- Balekani ngeenzwane okwamagala/Ngqishani okwezigebeza/Tyibilikani okwedada emanzini
- Hambani niye ecaleni/jikani ekhohlo/jikani ekunene/chopha/tsiba

Inyathelo lesi-2: Lungisa **umsebenzi wokuzipholisa** eniza kuwenza emva kokuba nigqibile, umzekelo:

- Ukuphefumla kakhulu
- Ukwelula amalungu omzimba umile okanye uhleli phantsi
- Ukuqinisa nokukhulula izihlunu, uqala ezinzwaneni uye entloko

Inyathelo lesi-3: Ukulungisa imisebenzi

- Lungisa **imisebenzi yezemiThambo eza kwenziwa yiklasi yonke**. Le misebenzi inokuquka imidlalo (izitatu, impuku nekati, ukuganga, njl) kunye nemidlalo yasemabaleneni (ukhuphiswano lokubaleka, ibhola ekhatywayo, ibhola yomnyazi, njl.)
- Lungisa imisebenzi yamaqela. Le misebenzi inokwenzi kwisayikile yeveki. Kwiveki nganye, utitshala ulungisa izitishi ezine zemisebenzi.
- Zingakwiikona ezine zebala lokudlalala, zeholo lesikolo okanye ibala lomdlalo. Kwenziwa umsebenzi owahlukileyo kwizitishi ngasinye. Ekupheleni kweveki, iqela ngalinye liyakube liyenze yomine imisebenzi. Oku kunceda ekubeni nokuba zimbaleka izixhobo ziyasebenziseka kakuhle, kuqinisekiswa nokuba abafundi bafunda ukusebenza emaqeleni kwaye umfundi ngamnye ufumana ithuba lokusebenza.

Qaphela:

- Xa kusenziwa **imisebenzi yangaphandle**, ukuba kushushu, bakhuthaze bathwale iminqwazi, baqabe amafutha okuzikhusela elangeni futhi basele amanzi rhoqo. Sebenzelani emthunzini.
- Yiba **nemisebenzi yangaphakathi** eklasini, eza kwenziwa ngabafundi endaweni yale yaphandle, kufuneka ihlale ilungile, umzekelo, *Yenza oku, Yenza okuya; USimon uthi ...*
- Nika abafundi ithuba lokusela nelokuhlamba izandla phambi kokuqalisa omnye umzebenzi.
- Qokelela izinto eziza kufakwa kwibhokisi **yezixhobo zemithambo** ezifana neebhola ezindala zentenetya, ibhola enkulu ekhatywayo, ugqaphu, ingxowana eneemboty.
- Ngaphandle, sebenzisa into ekhoyo (*ijungle gym*, imithi, izitulo). Amavili emoto amadala kunye neentambo zokukhwela nazo zinokukhangelwa.
- Zama ukukhangela ufumane impempe oza kuyisebenzisa xa nisenza imisebenzi yaphandle ukwenzela ukuba ukwazi ukubabizela ngaphakathi abafundi.

Iindlela zokufundisa: Izitishi zomsebenzi**Ukucwangcisa**

- Funda uluhlu lwakwaFunda Wande lwemisebenzi enokwenziwa ngeveki.
- Khetha imisebenzi emine yeveki.
- Lungisa izixhobo zomsebenzi ngamnye kwimisebenzi emine.
- Ukuba izixhobo zinqongophele, zama ukuzenzela ezakho izixhobo okanye uwutshintshe umsebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane.

UMvulo

- Babonise izixhobo uze uchaze nemisebenzi emine yeveki.
- Babonise ngokwakho indlela yokwenza umsebenzi okanye uyenze loo nto nomntwana.
- Chaza ukuba sisiphi isitishi sokwenza umsebenzi eliza kuqala kuso iqela ngalinye.
- Sebenzisa naliphi ixesha onalo, nidlale umdlalo oza kudlalwa yiklasi yonke.

ULwesibini ukuya kuLwesihlanu**Ukuzishushubeza kweklasi yonke (imizuzu emi-2-5)**


- Yenzani umsetyenzana weklasi yonke wokuzishushubeza.

Izitishi zemisebenzi (imizuzu engama-20)

- Iqela ngalinye maliye kwisitishi esinye.
- Ngeentsuku ezilandelayo, amaqela mawatshintshe izitishi, enze umsebenzi ube mnye ngemini.
- Utitshala uhambahamba aye kwiqela ngalinye, eqwalasela acebise. Uchitha imizuzu emi-5 kwiqela.

Zama ukuzola uzipholise (imizuzu emi-5)

- Yenzani umsetyenzana weklasi yonke wokuzipholisa.

**Ukwahluka**

Kwezemithambo kubakho ukwahluka ngokobuchule bokwenza imithambo. Bakhuthaze ke abafundi ukuba bancedisane bangazami ukukhuphisana.

Ukuhlolwa kwezemithambo**Ukuhlola okungekho sesikweni**

Kwiqela ngalinye, qwalasela ukuba akukho bafundi abanxwalwayo na okanye abahoyekanga.

Ukuhlola okusesikweni

Ngoba kutheni? Ukujonga ukuba abafundi baqhuba kakuhle na kwizakhono zabo zokusebenzisa amalungu omzimba.




Ziyavavanywa ke izakhono kanye ngakota. Imisebenzi yokuhlola ecetyiswayo idityaniswe kule nkqubo yakwaFW Wande. Le misebenzi inikiwe nesikhokelo sokukorekisha, kwiNcwadi kaTitshala kwikota nganye.



a amaqanda ibhanana isibhakabhaka ugandaganda					a
e i-emele isibhedlele ilekese ipere					e
i ifriji ipilisi icici ivili					i
o iinombolo ibhotholo ipokotho isongololo					o
u umsundululu iwulu isigcawu isithuthuthu					u




k





k
ikati
ikawusi
ikeyiki
ikomityi
ikama

b







b
ubisi
ubuso
bomvu
baleka
ubusi

t



t
itawuli
itepu
itumato
itoti
itafile



l



l
ilokhwe
ileli
ilanga
ilekese
iliso



m





m
imoto
imengo
imagi
imatshisi
imela

f




f
ufudo
ifolokhwe
iflegi
ifowuni
ifestile

s



s
isonka
isambreni
isoseji
isepha
usiba

y




y
iyoyo
iyogathi
yima
iyeza
yanga




d

d
idada
idayisi
idiliya
idolo
idonki






w

w
iwulu
iwotshi
wonwabile
iwailethi
iwodrobhu






h

h
ihempe
ihashe
ihelikhopta
iheke
ihagu



g

g
iglas
uganda-gan-
da
igubu
igusha
iglu



z

z
uzwane
izembe
uzipho
zoba
izandla



